Downloaded from Stanmorephysics.com


basic education

Department:
Basic Education
REPUBLIC OF SOUTH AFRICA

# SENIOR CERTIFICATE EXAMINATIONS/ NATIONAL SENIOR CERTIFICATE EXAMINATIONS

## ISIXHOSA ULWIMI LWASEKHAYA (HL)

## IPHEPHA LESIBINI (P2)

## CANZIBE/SILIMELA 2025

**AMANQAKU: 80**

**IXESHA: Iiyure 2½**

**Olu viwo lunamaphepha angama-26.**

Downloaded from Stanmorephysics.com

**IMIYALELO NENGCACISO**

1. Funda le miyalelo ngocoselelo phambi kokuba uphendule imibuzo.

2. Musa ukuzama ukufunda lonke iphepha loviwo. Funda itheyibhile yesiqulatho ekwiphepha lesi-4 uze uchonge imibuzo ebuzwe ngoncwadi olufundisiweyo kulo nyaka. Emva koko, funda le mibuzo wandule ukhethe oza kuyiphendula.

3. Eli phepha loviwo linamaCANDELO amaTHATHU:

| | | |
|---|---|---|
| ICANDELO A: | ISihobe | (30) |
| ICANDELO B: | INoveli/UncwadiLwemveli | (25) |
| ICANDELO C: | IDrama | (25) |

4. Phendula imibuzo EMIHLANU iyonke:

   Imibuzo EMITHATHU kwiCANDELO A, OMNYE kwiCANDELO B NOMNYE kwiCANDELO C ngale ndlela ilandelayo:

   ICANDELO A: ISIHOBE
   IMIBONGO EFUNDISIWEYO – Phendula imibuzo EMIBINI.
   UMBONGO ONGAFUNDISWANGA – Ngumbuzo onyanzelekileyo.

   ICANDELO B: INOVELI/UNCWADI LWEMVELI
   Phendula umbuzo OMNYE.

   ICANDELO C: IDRAMA
   Phendula umbuzo OMNYE.

5. UKHETHO LWEMIBUZO KUMACANDELO B (INOVELI/UNCWADI LWEMVELI) NECANDELO C (IDRAMA)

   - Phendula KUPHELA imibuzo ekwinoveli/uncwadi lwemveli nakwidrama oyifundisiweyo.
   - Phendula UMBUZO OSISINCOKO ube mNYE NOMFUTSHANE ube mNYE.

   Xa uphendule UMBUZO OSISINCOKO kwiCANDELO B, unyanzelekile ukuba uphendule UMBUZO OMFUTSHANE kwiCANDELO C. Xa uphendule UMBUZO OMFUTSHANE kwiCANDELO B, unyanzelekile ukuba uphendule UMBUZO OSISINCOKO kwiCANDELO C. Sebenzisa itshekhlisti ukwenza oku.

6. UBUDE BEEMPENDULO

   - Imibuzo esisincoko yeSihobe kulindeleke ukuba iphendulwe ngamagama ali-190–240.
   - Imibuzo esisincoko yeNoveli/Uncwadi Lwemveli neDrama kulindeleke ukuba iphendulwe ngamagama angama-340–390.
   - Ubude beempendulo zemibuzo emifutshane buxhomekeke kulwabiwo lwamanqaku. Abaviwa kulindeleke ukuba baphendule ngokuvakalayo nangokusemxholweni.

Downloaded from Stanmorephysics.com

7. Imiyalelo ebhalwe ekuqaleni kweCANDELO NGALINYE kulindeleke ukuba ilandelwe ngocoselelo.

8. Nombola iimpendulo zakho ngokuchanekileyo ulandela imibuzo ekwiphepha loviwo.

9. Qala ICANDELO NGALINYE kwiphepha ELITSHA.

10. Yaba ixesha ngolu hlobo lulandelayo:

    ICANDELO A: Malunga nama-40 emizuzu
    ICANDELO B: Malunga nama-55 emizuzu
    ICANDELO C: Malunga nama-55 emizuzu

11. Bhala ngokucocekileyo nangokucacileyo.

Downloaded from Stanmorephysics.com

## ITHEYIBHILE YESIQULATHO

Le theyibhile yesiqulatho kulindeleke ukuba incedise abafundi bakwazi ukukhetha imibuzo abaza kuyiphendula khon'ukuze bangafundi iphepha loviwo lonke.

**ICANDELO A: ISIHOBE**

**Imibongo efundisiweyo: Phendula NAYIPHI NA imibuzo EMIBINI.**

| INANI LOMBUZO | UMBUZO | AMANQAKU | INOMBOLO YEPHEPHA |
|---|---|---|---|
| 1. 'Okuhle' | Umbuzo osisincoko sombongo | 10 | 6 |
| 2. 'Watsha umzi' | Umbuzo omfutshane | 10 | 7 |
| 3. 'ULangalibalele' | Umbuzo omfutshane | 10 | 8 |
| 4. 'Ukubethwa ngemvaba' | Umbuzo omfutshane | 10 | 9 |

**KUNYE**

**Umbongo ongafundiswanga: Unyanzelekile**

| | | | |
|---|---|---|---|
| 5. 'Umama' | Umbuzo omfutshane | 10 | 10 |

**QAPHELA:** Phendula umbuzo OMNYE OSISINCOKO nombuzo OMNYE OMFUTSHANE. Xa uphendule UMBUZO OSISINCOKO SONCWADI kwiCANDELO B, unyanzelekile ukuba uphendule UMBUZO OMFUTSHANE kwiCANDELO C.

**ICANDELO B: INOVELI/UNCWADI LWEMVELI**

**Phendula umbuzo OMNYE.**

| | | | |
|---|---|---|---|
| 6. *Inkawu idliw'ilila* | Umbuzo osisincoko soncwadi | 25 | 11 |
| 7. *Inkawu idliw'ilila* | Umbuzo omfutshane | 25 | 11 |
| 8. *Nyana Wam! Nyana Wam!* | Umbuzo osisincoko soncwadi | 25 | 14 |
| 9. *Nyana Wam! Nyana Wam!* | Umbuzo omfutshane | 25 | 14 |
| 10. *Ukhozi olumaphiko* | Umbuzo osisincoko soncwadi | 25 | 16 |
| 11. *Ukhozi olumaphiko* | Umbuzo omfutshane | 25 | 16 |

**OKANYE**

| | | | |
|---|---|---|---|
| 12. *Ubuncwane Boncwadi Lwemveli* | Umbuzo osisincoko soncwadi | 25 | 18 |
| 13. *Ubuncwane Boncwadi Lwemveli* | Umbuzo omfutshane | 25 | 18 |

**ICANDELO C: IDRAMA**

**Phendula umbuzo OMNYE.**

| | | | |
|---|---|---|---|
| 14. *Buzani Kubawo* | Umbuzo osisincoko soncwadi | 25 | 21 |
| 15. *Buzani Kubawo* | Umbuzo omfutshane | 25 | 21 |
| 16. *Indlal' Inamanyala* | Umbuzo osisincoko soncwadi | 25 | 24 |
| 17. *Indlal' Inamanyala* | Umbuzo omfutshane | 25 | 24 |

**QAPHELA:** KUMACANDELO B no-C, qinisekisa ukuba uphendule umbuzo OMNYE OSISINCOKO nombuzo OMNYE OMFUTSHANE.
Nceda ungaphenduli imibuzo EMIBINI emide okanye imibuzo EMIBINI emifutshane.

Downloaded from Stanmorephysics.com

**ITSHEKHLISTI**

Kulindeleke ukuba abaviwa baqwalasele itshekhlisti elandelayo ukuqinisekisa ukuba bakhethe imibuzo ngokuchanekileyo.

| ICANDELO | AMANANI EMIBUZO | INANI LEMIBUZO EPHENDULWAYO | TIKISHA NGASEZANTSI (✓) |
|---|---|---|---|
| A: ISihobe (ISihobe esifundisiweyo) | 1–4 | 2 | |
| **KUNYE** | | | |
| A: ISihobe (ISihobe esingafundiswanga) | 5 | 1 | |
| | | | |
| B: INoveli **OKANYE** Uncwadi Lwemveli (Umbuzo osisincoko soncwadi OKANYE umbuzo omfutshane) | 6–13 | 1 | |
| | | | |
| C: IDrama (Umbuzo osisincoko soncwadi OKANYE umbuzo omfutshane) | 14–17 | 1 | |
| **QAPHELA:** KUMACANDELO B no-C, qinisekisa ukuba uphendule umbuzo OMNYE OSISINCOKO nombuzo OMNYE OMFUTSHANE. Nceda ungaphenduli imibuzo EMIBINI emide okanye imibuzo EMIBINI emifutshane. | | | |

Downloaded from Stanmorephysics.com


## ICANDELO A: ISIHOBE

***IMIHOBE YESIXHOSA* – B Ngombane**

### IMIYALELO

- Kweli candelo kubuzwe imibongo nezibongo EZINE ezifundisiweyo nombongo OMNYE ongafundiswanga.
- Ulindeleke ukuba uphendule nayiphi na imibuzo EMIBINI ebuzwe kwimibongo okanye kwizibongo ezifundisiweyo; KUNYE nombuzo omnye wombongo okanye isibongo esingafundiswanga.

**QAPHELA:** Umbuzo ongumbongo ongafundiswanga KUNYANZELEKILE ukuba uwuphendule. Qinisekisa ukuba ukhetha imibuzo EMITHATHU kweli candelo.

### IMIBONGO EFUNDISIWEYO

Phendula NAYIPHI NA imibuzo EMIBINI.

### UMBUZO 1: UMBUZO OSISINCOKO SONCWADI

Funda lo mbongo ungezantsi, wandule ukuphendula umbuzo olandelayo.

**OKUHLE– ZS Qangule**

Yakhula inkwenkwe yabheka esikolweni,
Izithanda iincwadi ingenzi nomolweni.
Yayisingcutha isiLungu ingaqhelisi,
Iwadlakaza amanani njengesiNgesi.

Yazixaka iititshala zaphoselana ngayo,
Kwakuthi khinxi kukhululwe ngezayo.
Yaba yiminyakana idudulela phambili,
Bothuka bonke bajonga phambili.

Kwancipha ubuhlanti kwasala zambini,
Waphela umzi yavungama ilali.
Yaba mbalwana yabhavumlela kude,
Wathi umntu uncamile ifuzile kakade.

Yaphela imfuyo kwaxhathiswa ngehagu,
Yabila ingqondo yona okweyegagu.
Lancama ixhego lathi liyazinikela,
Likhusela ikhehlekazi evasini lizincamela.

Labuya litaka izimanga lakukhohlela,
Nakwikhehlekazi kukubi lizitotobela.
Naxa kunjalo bathi kumele agqibe,
Wasebenza naye wabhitya nemilebe.

Qondo le-B. A. walixway' emhlana,
Ngqondo yakhe zange izigwagwise.
Lachach' ixhego nexhegwazana,
Khanyisa mzi babone kudana.

Hlalutya isigama salo mbongo esityhila umxholo othi, uloyiso sisiphumo sokuzinikela.

Impendulo yombuzo osisincoko ngamagama ali-190–240. **[10]**

Downloaded from Stanmorephysics.com


## UMBUZO 2: UMBUZO OMFUTSHANE

Funda isicatshulwa sombongo esingezantsi, wandule ukuphendula imibuzo elandelayo.

**WATSHA UMZI – N Mgqwetho**

Ziphi na iinkokhelikazi ze-Afrika?
Yemka kwaphela na nikho i-Afrika?
Nanko umbhinqo woNozala uwile
Luphawu lukaKhayeni? Ngenyani uwile.

Yabinza nenkwenkwezi esixelela
Ze niyeke izithixo notshabalala
Namhlanje asizazi nenkqu zethu
<u>Nezikhulu zethu zonke zathi quthu.</u>

Yabinza nenkwenkwezi isixelela
Ze niyeke izithixo notshabalala
Yayingumkhokeli ikhokela thina
Ulomkhokeli wasikhokela thina

Saqala ngokuhomba sisekulweni
Kanti nank' undlebende esenqweleni
Seva umgqumo welizwi likaThixo
Abathakathi belizisa ngempoxo.

Namhla nithini na ilizwe lifile
Nanzo ke neePasi usapho luwile
Satshabalala ke ngokuswela igqirha
Wanga wonke umzi sowungamagqwirha.

2.1 Chonga kwisitanza soku-1 zibeMBINI iingxaki ezifunelwa iinkokhelikazi. (2)

2.2 Tyhila intsingiselo eziswa ngumqolo onomgca ngaphantsi ngokwesitanza sesi-2. (2)

2.3 Nika umsebenzi wempinda ebonakala kwimiqolo embini yokuqala kwisitanza sesi-2 nesesi-3. (2)

2.4 Bonisa ngesigama esikwizitanza ezibini zokugqibela ukuba isizwe sizifake engxakini ngokutyeshela umyalelo wokungalahli izithixo zaso. (2)

2.5 Ngqina ukuba umongo walo mbongo uyahambelana nesihloko sawo. (2)
**[10]**

Downloaded from Stanmorephysics.com


## UMBUZO 3: UMBUZO OMFUTSHANE

Funda umbongo ongezantsi, wandule ukuphendula imibuzo elandelayo.

**ULANGALIBALELE – SEK Mqhayi**

UHambani maHlubi ningakhangeli mna.
Hambani niye kwaNqanda-ngophondo, -
Izw'elo elaxelwa ngooBabe bethu;
Sendogcin' igama namanxowa mna,
Nengcwaba loBhungan'omakhulukhulu
USombatha Ngwe noBhubesi
ULanga laphuma ndlebeni yandlovu,
Laya latshona ndlebeni yangonyama
Beliphume kakade liyinkunzi,
Lide laya kutshona liyinkunzi;
Nezithole zalo zoba ziinkunzi,
Nkunz' egqume kuNtabamhlope,
Kwahlokom' amawa nentlanjana!
Ikhe yaginywa mbumbulu ziqithi, -
Suk' iziqithi zahlamb' intliziyo,
Zamhla uvela kwelaseKoloni,
Yakhal' iKoloni yathi 'Ngiyasha!'
Kuz' agodukele kwelakubo, -
Ziphel' izaqhwiti nezivondoviya.

3.1 Chonga ukusukela kumqolo 1-5 kulo mbongo zibeMBINI izinto aza kushiyeka ezenza uLangalibalele. (2)

3.2 Tyhila intsingiselo eziswa ngamabinzana anomgca ngaphantsi ngoLangalibalele. (2)

3.3 Nika umsebenzi wophindaphindo lwegama, 'nkunzi' elikwimiqolo 9–12 yalo mbongo. (2)

3.4 Bonisa ngesigama esikwimiqolo 12–15 ukuba bekungonwatywa apho akhoyo uLangalibalele. (2)

3.5 Ngqina ukuba umongo walo mbongo uyahambelana nesihloko sawo. (2)
**[10]**

Downloaded from Stanmorephysics.com


**UMBUZO 4: UMBUZO OMFUTSHANE**

Funda lo mbongo ungezantsi, wandule ukuphendula imibuzo elandelayo.

**UKUBETHWA NGEMVABA – SEK Mqhayi**

Ngamaxesha andulo ubisi lusagcinwa
Ngeemvaba emizini, umnumzana othile
Wasuka wabambana nenkosikazi yakhe
Wathabatha imvaba wayityundyutha ngayo.

Kwathi ngexa lokuhlwa ethulula ubisi
Suka <u>lwazekelela ukuphum' emvabeni.</u>
Wayivula ngomnwana <u>wabuya nent' emnandi</u>
Efana namafutha akusa emlonyeni.

Waxakwa yile ncasa kodwa wacing' icebo,
Kwasuka qho axhwaye ingxabano ngelize,
Aphange emvabeni atyundyuthe umfazi,
Kuvel' amafuthana okuqab' esonkeni.

Yazingisa le nkqubo mihla le wanomsindo,
Yaxakw' inkosikazi sisimilo esitsha
Sendoda, phof' incoma ingabethwa ngenduku,
Ngokwezolo, ibethwa ngemvab' ethambileyo.

Isiphumo sobetho saba mnandi nakuyo,
Ukuqatywa kwesonka ngamafutha amnandi,
Kuhliswe nangobisi kulandele intlahla,
Nobubele kwindoda emva kwezo ngxabano.

Sekudala indoda yabhaqa ndlela yimbi
Yokwenz' amafuthana yafuthelana nomthi,
Iwubethe ngemvaba. Yaphuml' inkosikazi.
Yaba kubhaqwa oko ukwenza ibhotolo

4.1 Chonga kwisitanza soku-1 zibeziBINI iindlela zokubethwa kwenkosikazi. (2)

4.2 Tyhila intsingiselo eziswa ngamabinzana anomgca ngaphantsi. (2)

4.3 Nika injongo yokusikhankanya kwizitanza ezahlukeneyo isenzo sokutyundyutha. (2)

4.4 Bonisa ngesigama esikwizitanza ezibini zokugqibela ukuba inkosikazi ibilixhoba ngokungaqondwayo kwibali lokubhaqwa kwebhotolo. (2)

4.5 Ngqina ukuba umongo walo mbongo uyahambelana nesihloko sawo. (2)
**[10]**

**KUNYE**

Downloaded from Stanmorephysics.com

**UMBONGO ONGAFUNDISWANGA (UNYANZELEKILE UKUBA UPHENDULWE)**

**UMBUZO 5: UMBUZO OMFUTSHANE**

Funda lo mbongo ungezantsi, wandule ukuphendula imibuzo elandelayo.

**UMAMA – BW Matyeni**

Ngumnt'osisiququq' ukwenziwa.
Ngumnt' osisikhuthal' ukudalwa.
Uvuka ngonyez' aququzele.
Alale mgqibel' ephithizela.

Mbon' ekhay' eqoqosha.
Aphath' ukuba nguSoqoqosho.
Mbukel' ekuhlaleni equkeza.
Anyuk' amanqwanqw' abe nguSomaqhuzu.

Usebenza nzim' uthe cwaka.
Sel' egul' uthul' athi cwaka.
Akungabikho kuvulek' isikroba.
Nezibhoxi zifuman' ikroba.

Ndiyamvuma ngegalel' elihle.
Ndiyamngqina ngesisek' esihle.

5.1 Caphula kwisitanza soku-1 imiqolo emiBINI enika intsingiselo yokuba umama akazenzisi ngokuqukeza kwakhe. (2)

5.2 Chaza umfanekiso ntelekelelo ozotywa ngomama sisitanza sesi-2. (2)

5.3 Tyhila ingxaki evela ngokusetyenziswa kunye kwamagama; isikroba, ikroba ukusuka kumqolo 11–12. (2)

5.4 Xela zibeMBINI iimpawu zesakhiwo eziwenza ubeyisonethi lo mhobe. (2)

5.5 Phawula ngeempawu zibeMBINI zikamama ozinqwenelayo emva kokufunda lo mhobe. (2)
**[10]**

**AMANQAKU ECANDELO A: 30**

Downloaded from Stanmorephysics.com

## ICANDELO B: INOVELI/UNCWADI LWEMVELI

**IMIYALELO**

- Kweli candelo kubuzwe iiNoveli EZIMBINI noNcwadi Lwemveli.
- Khetha imibuzo kwiNoveli oyifundisiweyo okanye kuNcwadi Lwemveli.
- KwiNoveli ngaNYE kubuzwe imibuzo emiBINI, OSISINCOKO SONCWADI NOMBUZO OMFUTSHANE nakuNcwadi Lwemveli, ukususela kumbuzo wesi-6 ukuya kumbuzo we-13.
- Khetha umbuzo ubemNYE uwuphendule.

**QAPHELA:** Xa ukhethe umbuzo OSISINCOKO SONCWADI kwiCandelo B (kwiNoveli/kuNcwadi Lwemveli) KUNYANZELEKILE ukuba ukhethe umbuzo OMFUTSHANE kwiCandelo C (kwiDrama).
Xa ukhethe umbuzo OMFUTSHANE kwiCandelo B (kwiNoveli/kuNcwadi Lwemveli) KUNYANZELEKILE ukuba ukhethe umbuzo OSISINCOKO SONCWADI kwiCandelo C (kwiDrama).

## INOVELI

Phendula UMBUZO 6 (UMBUZO OSISINCOKO) OKANYE UMBUZO 7 (UMBUZO OMFUTSHANE).

### UMBUZO 6: UMBUZO OSISINCOKO SONCWADI

***INKAWU IDLIW'ILILA* – S Kula**

Kungquzulwano phakathi komthetho nolwaphulomthetho kutyhileka inkohlakalo ebifihlakele kuThantaswa. Ngqina olu luvo.

Ubude bempendulo ecwangciswe ngokukuko mabubengamagama angama-340–390. **[25]**

### UMBUZO 7: UMBUZO OMFUTSHANE

***INKAWU IDLIW'ILILA* – S Kula**

Funda izicatshulwa zoncwadi ezingezantsi, wandule ukuphendula imibuzo elandelayo.

**ISICATSHULWA A**

| |
|---|
| Njengesiqhelo, uMfuneko wafika emzini kaNqoza ngorhatya eyokubuza iindaba. Kaloku wayezinike uxanduva lokuya kutyelwa okufumaneke eluphandweni ukuze alumkise uThantaswa. Waphuma apho uMfuneko ebudideka yinto ayixelelwe nguNqoza ekhomba umnwe kuThantaswa. Wayengazi ukuba angayijika njani into esele ithethiwe. Wamyala kakhulu uNqoza ngelithi asel'eyibhebhetha kakhulu into eyayamanisa umfazi kaYangaphi nokubulawa kwendoda yakhe kuphando lwabo.<br>Umfazi kaNqoza, uThembakazi, wayesel' ebakrobele aba babini ukuba banomkhutyana obadibanisayo. Babemana ukumya ngamehlo. Wayesithi akusondela kufuphi nabo, bathethele phantsi. Ukuphuma kwakhe apho waya kuyixelela uThantaswa loo nto uMfuneko. Wathi uThantaswa akuyiva, wothuka wangcangcazela. |

Downloaded from Stanmorephysics.com

'Kanti, Mfuneko, ufa nini lo Mapheza unezothe?' wabuza uvalo ludubula ngamandla uThantaswa.

'Ndicinga ukuba ndikhe ndimyele exhweleni lam, uSiphongo, kula matyotyombe aseZamokuhle kuba kunzima ukumzuma ngembumbulu. Okokoko waphanda ngeli tyala usoloko engahambi yedwa.'

'Iza kulibazisa into yexhwele. Ufuna umpu phakathi kwamehlo qha lo Mapheza,' watsho uThantaswa.

'Ndicinga ukuba ibe lilinge lokugqibela elo, Thanti. UMfezeko inye imini yakhe, yimini ekuya kungcwatywa ngayo uHlomlani. Ukuba uSiphongo angandinika umalingatshoni, ngokwenene loo mini ingatshona naye uMfezeko,' watsho uMfuneko.

'O, unyanisile Mfuneko kuba nabantu baya kucingela ukuba udliswe ngabapheki okanye unikwe ipleyiti ebingezi kuye, watsho ngaloo ndlela wasweleka,' ...

7.1 Xela into ekhomba umnwe kuThantaswa ngokufa kukaYangaphi ngokwebinzana elinomgca ngaphantsi kwisicatshulwa. (2)

7.2 Chaza umkhutyana odibanisa uNqoza kunye noMfuneko ngokwesikrokro sikaThembakazi. (2)

7.3 Khankanya zibeNTATHU iinzame azenzileyo uThantaswa zokuphumeza umnqweno okumbuzo wakhe othi, 'ufa nini lo Mapheza unezothe'? (3)

7.4 Tyhila inxaxheba yamatyotyombe aseZamokuhle kulwaphulomthetho olukule noveli. (2)

7.5 Ngqina ukuba uMdlambila udlala indima yokubasisaphulimthetho kule noveli. (2)

7.6 Ingaba laphumelela icebo likamalingatshoni alithembileyo uMfuneko? Xhasa impendulo yakho. (2)

7.7 Chaza zibeMBINI izinto ebezikhuthaza uMfuneko ukuba aye esibasisaphulimthetho. (2)

**KUNYE**

**ISICATSHULWA B**

Ngobusuku baloo mini, ngothula-nja kanye, uNomacebiso nabantwana bakhe bavuswa kukunkqonkqoza okungekho similweni okwakusitsho kumnyango wangaphambili. Waphakama uNomacebiso wayokuvula. Ukuluvula kwakhe ucango waphantsa ukuwa kuba wafika ingumkhosi wamapolisa, umi bhuxe phambi kwakhe. Ayemane, elesihlanu lishiyeke emotweni eyayingenambhalo, inguMfuneko buqu lowo.

Bangena dyulukudu ooSixaki ababekhamaflaje ngesinxibo samapolisa. Bafika benza ingqushu kuloo ndlu. Igumbi likaMfezeko baliphikica lonke, iimpahla ezikwisigcini-mpahla ziwiselwa phantsi ngokungenambeko. Ibhedi yona yangxongxiswa ngecala egumbini. Ngeli xesha kugqogqwayo, uNqoza yena wayemi emnyango engafuni ukuba kubekho umntu ophumayo apho.

Baphuma apho abo bafana **bephacuza**. Baya kungena emotweni bekhawulezile. Owokugqibela wayikhwela seyihamba. Wathi eluvala ucango, yabe seyiphefumle kakhulu ukuthabatha amandla, yaxhuzula yaya kusithela ekoneni.

Downloaded from Stanmorephysics.com


> 'Demethi! Uyafihla lo ntloyiya,' washwabula uNqoza besiya kuqabela ngasematyotyombeni aseZamokuhle njengokuba babephuma kwilokishi yaseMchubakazi nje.
> Babengawufumananga umpu kaMfezeko, nababefuna ukuwusebenzisa xa bamcima igama emva kokuba bembile phaya esibhedlele. NguNqoza lo wathi akuxelelwa ngokuya kuqweqwedisa uMapheza esibhedlele wavelisa elo cebo lokuya kugqogqa kowabo kuqala.
> 'Gcwanini, yinto yakudala le uthi mandiyenze. UMapheza mandiyokumba esibhedlele, emva koko simbulale ngompu wakhe ukuze kukholelwe ekubeni uzibulele ngokwakhe,' watsho uNqoza ngemini ephambi kwale.
> Bashiyeka abantu bematshekile kwaMapheza kukuhlala bahlale babone ...

7.8 Chaza ukuba kudiza ntoni ngesipolisa ukuhamba noNqoza kooSixaki benxibe iimpahla zesipolisa ngobusuku. (2)

7.9 Xela injongo yogqogqo olwalukwaMapheza ngokwesi sicatshulwa. (2)

7.10 Khankanya babebaBINI abalinganiswa abathe bezama, baphuma 'bephacuza' bengalifumananga ilifa likaMsindisi kule noveli. (2)

7.11 Phawula ngemiqobo ahlangana nayo uMapheza kuphando olungokufa kukaYangaphi. (2)

7.12 Ngqina ukuba le noveli yinoveli yolwaphulomthetho. (2)
**[25]**

Downloaded from Stanmorephysics.com


**UMBUZO 8: UMBUZO OSISINCOKO SONCWADI**

***NYANA WAM! NYANA WAM!* – WK Tamsanqa**

Kungquzulwano phakathi kwemingeni yokukhula nobizo emntwini kutyhileka ukuqatshulwa ngelizwi likaThixo. Ngqina olu luvo ngoThole kule noveli.

Ubude bempendulo ecwangciswe ngokukuko mabubengamagama angama-340–390. **[25]**

**UMBUZO 9: UMBUZO OMFUTSHANE**

***NYANA WAM! NYANA WAM!* – WK Tamsanqa**

Funda izicatshulwa zoncwadi ezingezantsi, wandule ukuphendula imibuzo elandelayo.

**ISICATSHULWA C**

Bayekeni bathandane
Baza kube badikane.

Zizonke ezi ntetho nale ntshukumo ayizanga imothuse uThole noNomsa, kwaba kukhona ngathi bathe swii. Injalo indlela eya 'kwantshabalalo'.
NgoLwesihlanu kwiveki yesibini uThole ephangela wacelwa nguNomsa ukuba afike kokwabo ngorhatya ngoMgqibelo azokumchithisa isithukuthezi kuba abazali bakhe boba bengekho beye kwinkonzo enkulu eyayiza kuba seTinarha ngaloo mpela-veki. NgoMgqibelo ngenjikalanga wabonakala uThole esenjenjeya ukusinga kuloNomsa. Uthe xa aza kujika angene ngesango kwaye kusiza umfo wakwaSigxabhayi phambi kwakhe enyuka ngeso sitalato eshumayela. Unge angabeka iindlebe amamele, kumazwi awayewathetha kwegqitha ezindlebeni zikaThole amazwi athi,

Umntu unokuwuthabatha na umlilo awuse esifubeni sakhe,
Zingatshi na iingubo zakhe?
Unokuhamba na umntu phezu kwamalahle avuthayo,
Zingatyabuki na iinyawo zakhe?*

Wathi akuweva la mazwi lwee rhiphu uvalo wee xhwenene wakha wema umzuzu ecinga kukho ingqondo ethi makangabisangena kulo mzi aya kuwo, ekhumbula amazwi alolu hlobo ethethwa kuye enga uyaphupha. Ekhumbula namazwi awakha waweva ethethwa esangweni lelokishi eSprings athi, 'Umoya uvela ngaphambili,' nezinto ezathi zamhlela ngobo busuku. Uthe esahlafuna la mazwi athethwa ngulo mfo wakwaSigxabhayi weva ilizwi lisithi, 'Kutheni na Sthandwa uyalahleka?' Wee phaka esothuka. Tyhini! NguNomsa uyamhlangabeza esangweni.

9.1 Xela ngokolwazi lwakho lwebali indlela ekuthe kanti iya 'kwantshabalalo' echazwa kwesi sicatshulwa. (2)

9.2 Chaza isilumkiso somlilo osiwa esifubeni ngokungqamene noThole. (2)

9.3 Khankanya zibeziTHATHU izehlo ezibengamalahle avuthayo zaze zatyabula iinyawo zikaThole kwindlela yakhe eya ebufundisini. (3)

Downloaded from Stanmorephysics.com


9.4 Tyhila indima edlalwe bubudala babalinganiswa bale noveli ekunxaxheni kweendlela abazihambayo. (2)

9.5 Ngqina ukuba uThemba udlala indima yokubalitshijolo kule noveli. (2)

9.6 Ingaba waphumelela uJoe ukubulala uThole ngemini amfumene kuloNomsa? Xhasa impendulo yakho. (2)

9.7 Chaza zibeMBINI izinto ebezikhuthaza uThole ukuba alandele ubizo lwakhe. (2)

**KUNYE**

**ISICATSHULWA D**

'Inene abanye abantu banethamsanqa. Aye asuka athi amathamsanqa xa ebahlela babe ngathi asibantu ncam, abazalwanga mfazi njengathi,' wavakala esitsho omnye umfana, esiva le mali ingaka yenziweyo.

'Kanti mfo kaMsweli uthetha loo nto nje le ntwana ndiyazi kakuhle ikhulela kuthi phaya eGcuwa eZazulwana sikunye elalini,' watsho omnye ukuphendula.

'Uthini na Rhadebe mfondini? Uthi lo mfana umazi kakuhle?' wabuza okaMsweli.

'Ndikufungisa amaHlubi ntanga, ndazi nonina, liqabakazi elalisambatha imibhaco, nto ingaziwayo nguyise.'

'Uthetha ukuthini ke Rhadebe xa usithi uyise akaziwa? Uthetha ukuthi ngumntwana wamatyholo?'

'Hayi, Dlamini, anditsho, inje wena le nto, le ntwana ifike nonina lo phaya kuthi incinci, iliqathalalana leqatyana elimzimba uzele imbola neenwele eziqothololo luvithane isuka ngapha kwaGcaleka emaqabeni yaza yadibana nemfundo phaya kuthi.'

'Ukutsho oko ke Rhadebe akunalwazi ngokuzalwa kwakhe?'

'Hayi ke ntanga ndingaba ndiyaxoka ke kwelo cala.'

'Kwek! Ndinqwenela ukukhe ndidibane nabantu abanolwazi ngokuzalwa kwakhe okanye nabazalisikazi ababezalisa unina. Abantu abanje badla ngokuthi kanti kwasekuzalweni kwabo kwabakho nto zithile zingafani nabanye abantu.'

'Omnye ntang'am athi kanti akazalwanga ngumfazi?' latsho elinye igezana lomfana kwakweso siqhu lihleka.

'Awu wandikhumbuza uMacduff kaShakespeare ke ngoku nam ntang'am,' watsho omnye naye ehleka.

9.8 Chaza ukuba zidiza ntoni izikhuzo eziza nomfo kaMsweli kwesi sicatshulwa. (2)

9.9 Xela injongo yemali ebibethwa esithetha ngayo isicatshulwa. (2)

9.10 Khankanya babebaBINI abefundisi abakhulise ubizo lobufundisi bukaThole kule noveli. (2)

9.11 Phawula ngemiqobo ekwindlela yomlinganiswa onobizo lobufundisi uthathela kumava kaThole kule noveli. (2)

9.12 Ngqina ukuba le noveli yinoveli engemiba yezentlalo. (2)
**[25]**

Downloaded from Stanmorephysics.com

## UMBUZO 10: UMBUZO OSISINCOKO SONCWADI

***UKHOZI OLUMAPHIKO* – N Saule**

Kungquzulwano phakathi kwengcinezelo nomzabalazo wenkululeko kutyhileka ubuqhawe kuMfazwe. Ngqina olu luvo.

Ubude bempendulo ecwangciswe ngokukuko mabubengamagama angama-340–390. **[25]**

## UMBUZO 11: UMBUZO OMFUTSHANE

***UKHOZI OLUMAPHIKO* – N Saule**

Funda izicatshulwa zoncwadi ezingezantsi, wandule ukuphendula imibuzo elandelayo.

### ISICATSHULWA E

Ngumfo owayesaziwa ngokuba nguqalazive ke lo, ayandimangalisa mna loo nto kuba wayesenza umsebenzi wakhe emakube wasulelwa ngawo nguyise.
Wayengaphili mpilo kaNoposi uFriday lo, kungekho namntu unabuchule bokuchaza ukuba yena yedwa yintoni le ayenzayo ingenziwayo ngabanye ooNoposi ukuze abe ngulo chwenene anguye. Ukuba kukhe kwabakho indawo enothuli, akusokuze kungabikho mntu uthi ebekhe akambona uFriday apho. Abafundi bahamba beyalezene ukuba kubuywe ngosuku olulandelayo ukuza kwenza inkonzo yokukhuza ukusweleka kukaKK. Yiyo ke leya ndandifikele kuyo ichithachithwa ngerhuluwa nesinandile zeziya nkuhlubela zoonongqayi.
Ngokwenkcazelo kaGaba kude kwayiwa kulalwa kungekho nto iphinde yothusa mntu. Umbonile ubawo efika ukuvela ngasedolophini, bancokola, wambalisela into ekwakucaca ukuba seleyivile, ebuzisa ukuba kuxa kuthekani na ngam, wathi ke yena akakeva nto ibhadlileyo. Emva kokunyuswa ehliswa ngamapolisa impendulo ayifumeneyo yeyokuba unyana wakhe akanayo nento le, uyabuya.
'Iimpahla zam zona aze kuzithatha nini?' Ndangenelela ndabuza.
'Mhlawumbi ukutshona kwelanga. Kaloku nantsika uyazi ukuba sendigugile, lakutshona ke ilanga akuphindi undibone phandle.' Utshilo umnt' omkhulu. 'Yena undibone phandle.' Utshilo umnt' omkhulu. Yena wothuswa zizithonga ezithathu zokuqhushumba kwento angayaziyo phaya ekhaya, weva izingqi zibaleka zisihla isitrato, kukho nelizwi elithi, 'Mayitshe impimpi! Yitsha Mfazwe!'

11.1 Xela into eyenza aziwe njengoqalazive uFriday. (2)

11.2 Chaza impilo kaNoposi angayiphiliyo uFriday ngokwesicatshulwa. (2)

11.3 Khankanya zibeNTATHU iinzame zokuguqula uMfazwe ukuba abeyimpimpi. (3)

11.4 Tyhila inxaxheba yendawo yakwaQaka ekuphuhliseni umxholo wengcinezelo kule noveli. (2)

11.5 Ngqina ukuba uKK kwesi sicatshulwa uyingxwelerha yocalucalulo. (2)

11.6 Ingaba waphumelela uFriday ukutshisa uMfazwe ? Xhasa impendulo yakho. (2)

11.7 Chaza zibeMBINI izinto ebezikhuthaza uMfazwe kubutshantliziyo bokulwela inkululeko. (2)

**KUNYE**

Downloaded from Stanmorephysics.com


**ISICATSHULWA F**

Ngelo xesha lobusuku uGaba wayengenakuvuka, ndeva kushukunyiswa ucango, gingxi – gingxi – gingxi. Cwaka. Ababini bajikela ngasemva, baphinda babuya basebezela abanye aba, kwahanjwa ngumntu wonke ukuya kujikela ngasemva. Andilibazisanga, nyubelele ndaphuma emotweni, lakatyu kucingo lommelwane, nca ngodonga endaweni enethunzi. Ndalinda. Kuqale kwakhanyiswa kweliya gumbi lineziya ntwana zisuzayo, cimi kwakhona. Ndajonga. Ndasibona isithatha egumbini likaGaba, kwakho namazwi athethayo, waphumelisa uTat'uGaba ekhalima.

'Makwedini, zeniyixele into enindifuna yona, naza kundigezela emzini wam ndilele, ninyanga ni?' Kwakucaca ukuba lisemsindweni ixhego. Kuphinde kwalandela ukuhumzela endingakhange ndibe nokubuva ukuba kubhekisa ngaphi na, kodwa into elandelayo ibe kukucima kwesibane. Ntaru, ntaru zaphuma zilandelelana ezi zinto zaza kujikela kweli cala ndikulo. Abathathu kubo babegungxe izankwane ezimnyama befihle ubuso, uFriday esakhe esiphethe ngesandla.

Ndanga ndiyalama, ndazibuza ukuba yintoni le ingaka ndimenze yona uFriday. Yayiyintoni ke, ndandingamqhelanga nokumqhela nje? Nalapha ekuhlaleni nasekukhuleni azizange khe zingqubane iindlela zethu. Wayengenguye namntu usoloko ekho naphakathi komzi lo, into yakhe ikukuphala apha esithubeni, ungasoze umbone nangempelaveki. Yinto yokubambelana ngoNokuzola engakhathalele kufuna bungqina kunjalo nje. Hayi, ayinakubasisizathu eso. Mna ndandisabetha ngezikaTshiwo, ngeli xa yena wayesele etyibilika ngeempundu. Wayenezinto, ngeli xa ndandisaziwa ngeziya ...

11.8 Chaza ukuba kudiza ntoni ngoFriday ukuhamba namakhwenkwe ngobusuku bezigungxe ubuso ngezankwane ezimnyama. (2)

11.9 Xela injongo yogqogqo olwenziwa kwatat'uGaba ngokwesi sicatshulwa. (2)

11.10 Khankanya abemaBINI amagama amantombazana asetyenziswe kumxholwana wothando ngokubhekisele kuMfazwe kule noveli. (2)

11.11 Phawula ngemiqobo ahlangana nayo uMfazwe kwidabi lokulwela inkululeko. (2)

11.12 Ngqina ukuba le noveli yinoveli engopolitiko. (2)
**[25]**

**OKANYE**

Downloaded from Stanmorephysics.com

**UNCWADI LWEMVELI**

**UMBUZO 12: UMBUZO OSISINCOKO SONCWADI**

***UBUNCWANE BONCWADI LWEMVELI* – MMI Swana nabanye**

Kungqzulwano phakathi kwemingeni yentlalo nomlinganiswa kutyhileka inzondelelo nobuqhawe.

Ngqina olu luvo ngenzondelelo kaDeliwe kwintsomi ethi, 'Intsomi kaDeli noDeliwe' nobuqhawe bukaRharhabe, kwisibongo, 'Intaba kaNdoda'.

Ubude bempendulo ecwangciswe ngokukuko mabubengamagama angama-340–390. **[25]**

**UMBUZO 13: UMBUZO OMFUTSHANE**

***UBUNCWANE BONCWADI LWEMVELI* – MMI Swana nabanye**

Funda izicatshulwa zoncwadi ezingezantsi, wandule ukuphendula imibuzo elandelayo.

**ISICATSHULWA G**

**INTSOMI KAKHETSHE NESIKHUKUKAZI**

Kwathi ke kaloku ngantsomi, kudala-dala iintaka zaye zithandana, zisendiselana njengabantu. Ngelo xesha ukhetshe ufike watshata nesikhukukazi, bahlalisana kakuhle, bathandana oku kusisimanga bada bafumana nabantwana. Kwalile ngenye imini, ukhetshe wemka esiya kuphandela usapho into etyiwayo eshiya isitshixo sendlu nomfazi. Ekuhambeni kwendoda isikhukukazi sicinge ngokuya kutyelela isihlobo saso ebesihlala mgama. Kule ngcingane yembutho sihambe nabantwana baso ukuze nabo bafumane ithuba lokuya kubona ilizwe. Sincokole, sancokola, sancokola nesihlobo eso saso kwahamba ixesha, kwabonakala ukuba lifikile ixesha lokuba usapho lugoduke. Lufike ekhaya umninimzi engekabuyi, abantwana beyimfe kukudinwa, belambile, wada omncinane woyiswa kukunyamezela, wazibika kunina. Isikhukukazi sibe ngasikhangela isitshixo sokuvula indlu ukuze abantwana batye, tu ukuvela isitshixo. Sibhuqe, sabhuqa, sabhuqa sada sancama. Kusenjalo, kwenzeka elona sikizi kuba umntwana wasuka waqhawuka, itshoba lalala umbethe ngenxa yendlala. Uthe <u>umntwana esandul'ukufa</u> wagaleleka ukhetshe, akuyibona le ntlekele wavutha ngumsindo engxolisa umfazi wathetha wenjenje:

'Ukususela namhlanje thina sobabini sahlukene. Kunjalo nje kuya kubanjalo nakwinzala yethu. Ookhetshe baya kubatya abantwana beenkukhu kude kuvele esi sitshixo silahlekileyo.' Uthe ukuba ukhetshe atsho wabutha konke okwakhe wemka. Okwenene kwenzeka ngokuthetha kwakhe kuba nanamhla oku ookhetshe basawatya amantshontsho eenkukhu. Isikhukukazi sona asikancami kuba sisaphikelele ukuphanda, siqhwaya emhlabeni nje, sisakhangela esaa sitshixo sikakhetshe ukuze sixolelane naye, kubekho ibuyambo ukuze abantwana babo bangabisaxhwilwa.
Phela-phela ngantsomi.

13.1 Xela into ebonisa ukuba intlalo ibikhe yantle phakathi kwesikhukukazi nokhetshe kule ntsomi. (2)

Downloaded from Stanmorephysics.com

13.2 Nika ubungqina bokuba ukhetshe ebeluhoyile usapho lwakhe ekuqaleni kwale ntsomi. (2)

13.3 Khankanya zibeNTATHU iimpawu zentsomi ezifumaneka kule ntsomi ingentla. (3)

13.4 Tyhila ingxaki eyenziwe sisikhukukazi ngokutyelela isihlobo saso kule ntsomi. (2)

13.5 Ngqina ukuba isikhukukazi litshijolo ngokwale ntsomi. (2)

13.6 Ingaba laphumelela icebo lesikhukukazi lokufumana isitshixo ukuze abuye ukhetshe? Xhasa impendulo yakho. (2)

13.7 Chaza zibeMBINI izinto ebezikhuthaza ukhetshe ashiye usapho lwakhe. (2)

**KUNYE**

**ISICATSHULWA H**

**NGURHULUMENTE WETHU LO!**

Vi-i-i-tyo-o-o!
Nqand'ezo nkomo kwedini sigoduke!
Nqand'ezo nkomo kwedini limkil'ilanga
Nqand'ezo nkomo kwedini sizokusenga
Nqand'ezo nkomo kwedini kukud'ekhaya
Le inco yona ililelwa linkonyan'ekhaya
Le irhwexu yona kosa seyibek' elayo inkonyana
Ezi zilunga zona zozalis'amathunga
Ndatsho ndalamba ndilambel'umthub' ontubululu
Ndatsho ndalamba ndilambel'umvub'omphokoqo
Ndatsho ndalamba ndilambel'umvub'omphuthulo
NguRhulumente wethu ke lowo!

Vi-i-i-tyo-o-o!
Nqand' ezo nkomo kwedini sigoduke
Andiphelelang'apha mna ndisaya kude
Bath'ooBhomoyi makhe ndithi gqi kwaNokholeji
Bath' ooMadiba mandithi gqi eFortHare!
Bath' le nt' ibubugqwetha injengam lo!
Bathi le' nt' ibubugqwetha ngathi ingandivul'amehlo!
Tyhini! kant' umntakwethu utoshalaza phantsi kweBhulu?
Tyhini! kanti udade wethu utatsalaza phantsi kwedla-gusha?
Tyhini! Mandivul' iincwadi ndiphand' iindlela zokumtsala
Ndivul' iincwadi nditsal'owakuth' umntu!
NguRhulumente wethu ke lowo!

Vi-i-i-tyo-o-o!
Ubufundel' edlelweni na kwedini obu buchule?
Ukuba kusedlelweni inene ndilibamb' isandla!

Downloaded from Stanmorephysics.com


Ukuba zezi nkomo wawuzolusa inene ndizibamb'isandla!
Ukuba koku kolusa inene uyintshatsheli!
Intshatsheli ingangubani na ingenguy' umalusi?
Ozaziyo ezakhe ade azibiza-bize ngamagama!
Athi, 'Mzulu, 'Mxhosa, 'Msuthu' manyanani!
Athi, 'MVenda,' Mswazi, MTswana, manyanani!
Athi, 'Ngesi, 'Bhulu, MTsonga, 'Mpedi, manyanani!
Azirhiwul'ezo nkomo aziqhubele buhlantini bunye
NguRhulumente wethu ke lowo!

13.8 Chaza ukuba kudiza ntoni ngoRhulumente wethu ukumnxulumanisa neenkomo ezimibalabala ezisiwa ebuhlanti. (2)

13.9 Xela injongo yokusebenzisa uchasaniso kumqolo 21–22 kwesi sicatshulwa sesibongo. (2)

13.10 Phawula ngemfuneko yokubanjwa kwezandla ngokwemiqolo 27 no 28. (2)

13.11 Khankanya abemaBINI amagama eenkomo azibiza ngawo umalusi nafuna zimanyane ngokwesitanza sesi-3. (2)

13.12 Khankanya udidi lwabantu onokubacebisa ukuba bafunde esi sibongo. Xhasa impendulo yakho. (2)
**[25]**

**AMANQAKU ECANDELO B: 25**

Downloaded from Stanmorephysics.com

## ICANDELO C: IDRAMA

### IMIYALELO

- Kweli candelo kubuzwe imibuzo kwiiDrama ezimbini, ukususela kumbuzo we-14 ukuya kumbuzo we-17.
- KwiDrama ngaNYE kubuzwe imibuzo emiBINI; OSISINCOKO SONCWADI kunye NOMBUZO OMFUTSHANE.
- Khetha umbuzo ubeMNYE uwuphendule.

**QAPHELA**: Xa umviwa ekhethe umbuzo OMFUTSHANE kwiCANDELO B (kwiNoveli okanye kuNcwadi Lwemveli) KUNYANZELEKILE ukuba akhethe umbuzo OSISINCOKO SONCWADI kwiCANDELO C (kwiDrama).
Xa umviwa ekhethe umbuzo OSISINCOKO SONCWADI kwiCANDELO B (kwiNoveli okanye kuNcwadi Lwemveli) KUNYANZELEKILE ukuba akhethe umbuzo OMFUTSHANE kwiCANDELO C (kwiDrama).

### UMBUZO 14: UMBUZO OSISINCOKO SONCWADI

***BUZANI KUBAWO* – WK Tamsanqa**

Ukhetho alwenzayo umntu ebomini lungeza neziphumo ezibi okanye ezimnandi.

Ngqina olu luvo ngabalinganiswa uZwilakhe noGugulethu.

Ubude bempendulo ecwangciswe ngokukuko mabubengamagama angama-340–390. **[25]**

### UMBUZO 15: UMBUZO OMFUTSHANE

***BUZANI KUBAWO* – WK Tamsanqa**

Funda izicatshulwa zoncwadi ezingezantsi, wandule ukuphendula imibuzo elandelayo.

### ISICATSHULWA I

| | |
|---|---|
| UZWENI: | Ngaba mfana unezihlabo kule ntombi mayela nezinto zolutsha? |
| UGUGULETHU: | Buzani kubawo. |
| UZWENI: | Hayi kaloku mfana wam, wenzani na? Ulwazi lukayihlo ngentombi le luphelela nje apha phakathi kwekhaya. Mayela nezinto zolutsha nguwe onganolwazi oluphangaleleyo. Mhlawumbi wena ungathi ube nazo izizathu zokuyichasa ezingathi zibambeke, zibe nakho ukuvula amehlo ethu. |
| UGUGULETHU: | Ngaba bawokazi ukuvela kwam nezihlabo kobanga ukuba ubawo abe naluvo lumbi na? |
| UZWILAKHE: | Mawethu sobambezelana ngentetho kangangokuba sobona elaa langa litshona singafikelelanga ntweni iphathekayo, ibe ke akukuphela kwento siza kulala sitye yona le. Niyabona nto zakuthi, ngunyana wam lo. Lo mntwana wathi mhla wavela ndamthiya igama ndathi nguGugulethu, igugu lethu thina MaHlubi. Niyabona ndilapha nje ndiyinkulu yamaHlubi. Njengenkulu ke ndimele kukuba |

Downloaded from Stanmorephysics.com


| | |
|---|---|
| | ngumzekelo kuni ekugcineni isiko laseMaHlubini, lingathi laphulwe ndim ncakasana; kuba ndakwenjenjalo akuyi kulunga. Xa laphulwe ndim ngubani na ongabuya alibambe? Aningetsho na nina ukuthi le nto yonakele entloko, umsila ulandela intloko? Xa nditshoyo ke mawethu ndiyanicela ndithi xolani lusapho lukaBhungane, lalani ngenxeba MaHlub'amahle, kule ndiyithethayo andiphindi ndiliginye ndithi bendixoka. Nditshilo nje nditshilo. Nantsiya intombi kaMcothama, yizekeleni umfana lo wenu. |
| UNYANISO: | Madoda, ngumfo kabawo lo ndiyamazi ndikhula naye, etshilo nje utshilo ndifung'uNototoba. |

15.1 Chaza ukuba ukungayamkeli kukaGugulethu intombi ekuncokolwa ngayo kwisicatshulwa kuyiqale njani iyantlukwano yamaHlubi kule drama. (2)

15.2 Tyhila uluvo oluqulethwe ngamazwi athi, 'Buzani Kubawo' ngokuhambelana nomba ekuxoxwa ngawo kwisicatshulwa. (2)

15.3 Chaza indima ayidlalayo amaHlubi kule drama. (2)

15.4 Xela udidi lozobo azizoba ngalo uZwilakhe kumazwi akhe anomgca ngaphantsi. Xhasa impendulo yakho. (3)

15.5 Xhasa ngezehlo eziBINI ezisencwadini ukuba umbuzobuciko kaZwilakhe ongezantsi ubeka kwayena ityala endaweni yokukhwezela ukuba kuthathwe intombi ayifunayo.

'Aningetsho na nina ukuthi le nto yonakele entloko, ...?' (4)

15.6 Ngqina ukuba iinjongo zikaMaGaba zokunyanzelisa uGugulethu ukuba atshate uThobeka azihambelananga nesiphumo sale drama. (2)

**KUNYE**

**ISICATSHULWA J**

| | |
|---|---|
| UGUGULETHU: | Bendocela mhlekazi ukuba ndiyithethe emva kwesigwebo. |
| IJAJI: | Gugulethu ngenxa yesenzo esibi othe wasenza, le nkundla ikufumana unetyala elikhulu elingaxolelekiyo. Ngoko ke uya kuthatyathwa kuloo ndawo umi kuyo, uye kuxhonywa, uji-i-nge ngentambo ude u-u-u-fe. Yanga inkosi ingawusikelela umphefumlo wakho. |
| UMAGABA: | Yho-o-o! Umntanam! Umntanam! Nam kubhetele ndife. (*Ukhupha ityhefu uyayisela)* |
| IPOLISA: | Mbambeni! Mbambeni nankw'esel'ityhefu! Kowu-u-u-u, seleyigqibile. *(Uyayoba uyafa)* |
| UZWILAKHE: | Nkosi ndingakhe ndisenze na isicelo? |
| IJAJI: | Uvunyelwe ukuba ungasenza isicelo, kodwa andingethembisi ukuba sokwamkelwa, koxhomekeka ebunjanini baso, ukuba sisicelo sini na. |

Downloaded from Stanmorephysics.com

| | |
|---|---|
| UZWILAKHE: | Nasi ke isicelo sam. Ndiyacela ukuba njengoko indim unobangela wako konke oku makakhululwe lo mfana kuxhonywe mna endaweni yakhe. Ngenene ndiyavuma ndim unobangela; ndandingalibali ndisisilumko kanti ndisesokuqala isiyatha, njengoko seletshilo umfo wasemzini. Ngenene le nto ubulumko ayikho phantsi kwelanga, wayenyanisile umfo wasemaMpondomiseni. Nto zakuthi namhlanje ndiyawakhumbula amazwi enu nindinqanda kwesi senzo. Ilizwi elathi isala kutyelwa sibona ngolophu liyinene. Lulo olu ulophu. Kodwa ke ndiwakhumbula sekonakele, akusancedi nto sendifana nogxwala emswaneni. Ngenene ngenene ndiwuhlwayele umoya, namhla ndiyaluvuna uqhwithela. Lulo olu. Mhlekazi ndiyacela makuxhonywe mna. |
| IJAJI: | Zwilakhe, endikuthethileyo ndikuthethile, endikubhalileyo ndikubhalile, ngoko ke akunakho ukuphindwa kuguqulwe. (*Uguqukela kuGugulethu)* Gugulethu ndigqibile, wena uthini? |
| UGUGULETHU: | Mhlekazi mna ndiyabulela, ndithi ugwebe kakuhle ... |

15.7 Chaza isenzo esibi asenzileyo uGugulethu ngokwamazwi ejaji. (2)

15.8 Nika umsebenzi wamagama abhalwe bukekela kwisicatshulwa. (2)

15.9 Isigqibo sifanele ukuba sithathwa emva kokuhluza phakathi kokulungileyo nokungalunganga.

Phononongo olu luvo ngesigqibo sikaZwilakhe sokunyanzelisa athathele uGugulethu uThobeka. (2)

15.10 Chaza impixano yangaphakathi uze unike umzekelo wayo kule drama. (2)

15.11 Nika umyalezo odluliswa yile drama kuluntu ngokufa kukaNomaMpondomise. (2)
**[25]**

Downloaded from Stanmorephysics.com


**UMBUZO 16: UMBUZO OSISINCOKO SONCWADI**

***INDLAL' INAMANYALA* – M Lamati**

Ukhetho alwenzayo umntu ebomini lungeza neziphumo ezibi okanye ezimnandi.

Ngqina olu luvo ngabalinganiswa uMamQhinebe noSiqhiwu.

Ubude bempendulo ecwangciswe ngokukuko mabubengamagama angama-340–390. **[25]**

**UMBUZO 17: UMBUZO OMFUTSHANE**

***INDLAL' INAMANYALA* – M Lamati**

Funda izicatshulwa zoncwadi ezingezantsi, wandule ukuphendula imibuzo elandelayo.

**ISICATSHULWA K**

| | |
|---|---|
| SIQHIWU: | Uyamazi uThembinkosi Mazaleni lo uhlala phaya ngaphesheya eValashiye? |
| SIPHOKAZI: | Utsho laa mntwana ubegqibezela incwadi yakhe yeshumi kulo nyaka uphelileyo? |
| SIQHIWU: | Yena kanye ke. |
| SIPHOKAZI: | Utheni? Ugwaziwe? Owu *shame* umntwan' abantu, emncinci nakangaka. |
| SIQHIWU: | Khawume ndikubalisele maan Siphokazi. Ugwaziwe? Ugwazwe yintoni? |
| SIPHOKAZI: | Ndazi ziphi na, ndisiva kwangawe nje? Khawude uthethe wethu nawe Siqhiwu. |
| SIQHIWU: | UThembinkosi lowo ke uyaphangela, njengokuba wena ulibele kukugcabisa iintungo ecaleni kwendlu nje. UThembinkosi uphangela kwarhulumente Siphokazi. |
| SIPHOKAZI: | Ungazenzi iintsomi emini Siqhiwu, uya kuphuma iimpondo. |
| SIQHIWU: | Asiyontsomi le ndiyibalisayo Siphokazi. |
| SIPHOKAZI: | UThembinkosi angaphangela njani singekaphangeli thina, sakugqiba ukugqiba iminyaka emithathu yonke sikuludwe lwabalinde ingqesho? |
| SIQHIWU: | Asaz' apho ke. Kushiywana ngotyefezo ntombi kabawo. |
| SIPHOKAZI: | Kungaphangela ooThembinkosi abaphuma esikolweni kulo nyaka uphelileyo? |
| SIQHIWU: | Kunjalo ke kulo mhlaba. Kuzanywa ngazo zonke iindlela ukuba abo sele bephezulu baye besithi chatha ukunyukela oku. |
| SIPHOKAZI: | Sobalekela phi ke xa nethemba lethu, urhulumente, enokusiphatha ngolu hlobo? |
| SIQHIWU: | Amahlwempu anyathelelwa ukuba angabi sakwazi nokuvusa neentloko ezi. |
| SIPHOKAZI: | Kazi iinjongo zayo yonke le nquleqhu ziyintoni na? |
| SIQHIWU: | Iinjongo kukuba amahlwempu ahlale engamahlwempu, iileli zokunyathela nditsho nezizukulwana zezityebi. |
| SIPHOKAZI: | Zingcolile ke ezo njongo Siqhiwu. Zingcolile gqithi. |
| SIQHIWU: | Zingcolile zona. Kodwa ke, ngubani okukhathaleleyo oko kungcola kwazo, ingakumbi lowo ulala ekiyakiyeka kukuhlutha ...? |

Downloaded from Stanmorephysics.com


17.1 Chaza ukuba iimbono ngokuqeshwa kukaThembinkosi ekuncokolwa ngaye kwisicatshulwa ziyiqale njani iyantlukwano yabalinganiswa abakule drama. (2)

17.2 Tyhila uluvo oluqulethwe ngamazwi athi 'uyaphangela, njengokuba wena ulibele kukugcabisa iintungo ecaleni kwendlu nje' ngokuhambelana nomba ekuxoxwa ngawo kwisicatshulwa. (2)

17.3 Chaza indima ayidlalayo uSiqhiwu noSiphokazi kule drama. (2)

17.4 Xela udidi lozobo oluzoba uSiqhiwu ngokwamazwi anomgca ngaphantsi. Xhasa impendulo yakho. (3)

17.5 Xhasa ngezehlo eziBINI ezisencwadini uluvo lukaSiqhiwu olungezantsi.

'Amahlwempu anyathelelwa ukuba angabi sakwazi nokuvusa neentloko ezi.' (4)

17.6 Ngqina ukuba iinjongo zikaMamQhinebe zokuba iintsana azihambelananga nesiphumo sale drama. (2)

**KUNYE**

**ISICATSHULWA L**

MAMQHINEBE: ... Kodwa mna ndiya kumphoxa umntwana oya kusoloko endithe jokojo ngokundixelela ngeentsana ezilahlekileyo.
MAGATYENI: Tyhini! Asiyivanga le ndlela. Sesifikile nakulo mzi. Ingathi nguwo lo. Asinguwo lo?
MAMQHINEBE: Ewe, nguwo lo. Yima ndinkqonkqoze. *(Ankqonkqoze ngesandla.)*
NOMAKULA: Ngena ngaphakathi!
MAMQHINEBE: Molweni endlwini! Kutheni ingathi uhleli wedwa nje ntombi? Uphi unina wolu sana?
NOMAKULA: Kaloku usisi uyaphangela.
MAMQHINEBE: Uphangela phi na kanene?
NOMAKULA: Uphangela emafemini kwaVulindlela Anti.
MAMQHINEBE: Asizazi nezo Vulindlela uthetha ngazo ke thina mntwan' am. Kaloku asingabeli lizwe.
NOMAKULA: Kanti nisuka phi nina Anti?
MAMQHINEBE: Sisuka kwiilali ezikude mntwan' am, kwindawo ekuthiwa kuseNcembu, ngaphaya kweziya ntaba. *(Atsho ekhomba.)*
NOMAKULA: Yiyhoo! Hayi nisuka kude ngenene. Loo nto ndiye ndakritshulwa luvalo ngoku ninkqonkqozayo. Kaloku kukho abantu abeba iintsana apha.
MAMQHINEBE: Hayi bo! Uthini na ngoku mntwan' am? Ngabantu abeba iintsana abaza kuzenza ntoni na abo ntombazanandini?
MAGATYENI: *(Enyaxa uMamQhinebe.)* Masikhawulezise wethu, kungade kungene umntu.
NOMAKULA: Andiva Anti?
MAGATYENI: Hayi, bendisithi khawundiphe amanzi mntwan' am, ndifile lunxano.
MAMQHINEBE: Khawuqale undiphe la hamile phambi kokuba uze namanzi lawo.
NOMAKULA: *(Esiya ehamileni.)* Uza kuyenza ntoni na ihamile Anti?
MAMQHINEBE: Hayi wena mntwan' am, ndiza kubethelela isikhonkwane kwesi sihlangu ndisinxibileyo. Kudala sindihlupha endlelen' apha. *(KuMagatyeni.)* Ndifuna ukumbetha ngala hamile entlokw' apha ...

Downloaded from Stanmorephysics.com

17.7 Chaza ukulahleka kweentsana okuyintsusa yomsindo kaMamQhinebe okwesi sicatshulwa. (2)

17.8 Nika umsebenzi wamagama abhalwe bukekela kwisicatshulwa. (2)

17.9 Isigqibo sifanele ukuba sithathwa emva kokuhluza phakathi kokulungileyo nokungalunganga.

Phononongo olu luvo ngesigqibo somlinganiswa onguMamQhinebe sokuba iintsana. (2)

17.10 Chaza impixano yangaphakathi uze unike umzekelo wayo kule drama. (2)

17.11 Nika umyalezo odluliswa yile drama kuluntu ngokuphumelela kukaSiqhiwu kwidabi lakhe noMaqhikizane. (2)
**[25]**

**AMANQAKU ECANDELO C: 25**
**AMANQAKU EWONKE: 80**

Downloaded from Stanmorephysics.com

**EMAKUQATSHELWE XA KUMAKISHWA**

- Le memorandam ilungiselelwe ukuba ibe sisikhokelo kubakorekishi.
- Le memorandam iza kuxoxwa nesigqeba sokukorekisha phambi kokuba kuqalwe ukukorekishwa kumaziko okukorekisha.
- Iimpendulo zabaviwa kufuneka zinikwe ingqwalasela ngokokufaneleka kwazo.

**IZIKHOKELO ZOKUKOREKISHA**

1. Xa umviwa ebhale iimpendulo ezingaphezulu kwezilindelekileyo, makisha impendulo esekuqaleni kuphela. **(Umviwa akavumelekanga ukuba aphendule umbuzo omde nombuzo omfutshane kudidi olunye)**.

2. Xa umviwa ephendule yomine imibuzo ekwiCANDELO A, (imibongo efundisiweyo), korekisha kuphela emibini yokuqala.

3. Xa umviwa ephendule imibuzo emibini emifutshane okanye imibuzo emibini esisincoko kwiCandelo B nakwiCANDELO C, makisha umbuzo wokuqala kuphela ungawuhoyi owesibini. Ukuba umviwa uphendule yomithandathu imibuzo (kwiNoveli) okanye yomine imibuzo (kwiDrama), korekisha kuphela impendulo yokuqala kwiCANDELO ngalinye, xa kwenzekile ukuba uphendule umbuzo omnye omfutshane nomnye osisincoko.

4. Xa umviwa enike iimpendulo ezimbini ibe eyokuqala ingachanekanga, elandelayo ichanekile, korekisha eyokuqala **ungayihoyi** elandelayo.

5. Xa iimpendulo zinonjolwe ngokungachanekanga, korekisha ngokwendlela ekunonjolwe ngayo kwimemorandam.

6. Xa upelo olugwenxa luguqula intsingiselo, yihlabe loo mpendulo. Xa intsingiselo ingaguqukanga ngenxa yopelo olugwenxa, yimakishe loo mpendulo.

7. **Imibuzo esisincoko.**

   Xa impendulo yombuzo osisincoko imfutshane kunoko kulindelekileyo ngokwenani lamagama, musa ukumohlwaya umviwa kuba sele ezohlwaye ngokwakhe. Xa impendulo yombuzo osisincoko inde kakhulu, phicotha ngokwempendulo ayibhalileyo wandule ukuyigqithisela kumkorekishi ophezulu.

8. **Imibuzo emifutshane.**

   **Musa ukumohlwaya** umviwa ongasebenzisanga iimpawu zocaphulo xa ecaphula.

9. **Kwimibuzo evulelekileyo**, musa ukunika amanqaku ngoHAYI/EWE okanye ngoNDIYANGQINELANA/ANDINGQINELANI. Korekisha impendulo exhasayo.

10. Akukho manqaku abelwa uYINYANI/BUBUXOKI okanye LULUVO/YINYANI. Makisha impendulo exhasayo.

Downloaded from Stanmorephysics.com

**ICANDELO A: ISIHOBE**

***IMIHOBE YESIXHOSA* – B Ngombane**

**IMIBONGO EFUNDISIWEYO**

**UMBUZO 1: UMBUZO OSISINCOKO SONCWADI**

**'OKUHLE' – ZS Qangule**

Sebenzisa la manqaku alandelayo, njengesikhokelo sokukorekisha lo mbuzo. Iimpendulo zinokwahluka ngokuxhomekeka kwindlela umfundi awuve ngayo umbongo. Jonga kwirubrikhi ekwiphepha lama-24 ukuhlola lo mbuzo.

**Umfundi makachankcathe kwezi ngongoma zilandelayo:**

**Isigama salo mbongo sityhila umxholo othi, uloyiso sisiphumo sokuzinikela. Ukuqaqambisa umxholo woloyiso osisiphumo sokuzinikela umbongo usebenzisa inkwenkwe nabazali bayo ukwenza umqondiso wokuzinikela. Isigama esiqhuba lo mhlomlo sihlalutywe ngezantsi sacazululwa ngokwezitanza esifumaneka kuzo.**

**Kwisitanza sokuqala:**

- Umqolo othi, **Izithanda iincwadi ingenzi nomolweni** utyhila ukuzinikela. Ngokwentetha eqhelekileyo isigama esithi, ingenzi nomolweni sisetyenziswa xa umntu exakekile angabinalo nethuba lokubulisa abantu. Ngokomxholo walo mbongo kubonakala ukuba inkwenkwe yayitshomene kakhulu neencwadi, isoloko ithe nca kuzo ingenalo nethuba lokuya kudlala nabanye abantwana. Olo ke luphawu lokuzinikela. Kwakwesi sitanza iziphumo zokuzinikela kwenkwenkwe zibonakala kumqolo olandelayo. Lo mqolo utyhila uloyiso xa usithi, **'Yayisingcutha isiLungu ingaqhelisi, lwadlakaza amanani njengesiNgesi.'** Ukungcutha kuqhele kubhekisa ekutyeni into ngokuyonwabela kuze ukudlakaza ibekukuphatha into ngendelelo. Lo mqolo udiza uloyiso lokuba emva kokuzinikela inkwenkwe iye yanamandla okuphumelela iziBalo zayo seyidlula nawesiNgesi amandla.

**Kwisitanza sesibini nesesithathu**

- Kumqolo othi, **'Yaba yiminyakana idudulela phambili, yaba mbalwana yabhavumlela kude';** kusetyenziswa isinciphiso esingu 'iminyakana' xa kubalwa ixesha elincinci elithathileyo inkwenkwe ukusuka kwelinye ibanga ukuya kwelinye. Ukuzinikela kubonakaliswe ngokusebenzisa ibinzana, 'idudulela phambili' ngenjongo yokuthi konke ikwenze isebenzisa amandla ngokududula, yaze yakwenza ngeminyaka embalwa, ingazange iphinde banga, konke ikwenza ngemigudu ephelekwa kukuzinikela. Lukwafakelwe uloyiso koku kubhavumlela kude kuba ukubhavumla sisandi esenziwa yinto esebenzisa amandla awengeziweyo. Uyifanisa nesigadla ngesikweko nanjengoko zibangathi ziyaqhayisa xa zisenza umsebenzi wazo wokuthwala umthwalo onzima. Igama 'kude' libonisa ukuba amandla awengeziweyo ebeyenza inkwenkwe iphumelele amabanga ingacingelwanga ukuba seyihambele phambili kangako.

Downloaded from Stanmorephysics.com


**Kwisitanza sesine**

- **Imiqolo ethi, 'Yabila ingqondo yona okweyegagu. Lancama ixhego lathi liyazinikela'**, iveza ukuzinikela ngesibaxo esithi 'yabila ingqondo' Ukubila kwengqondo kubhekisa ekusebenzeni ngamandla kwengqondo ide ibeshushu. Kwakumqolo omnye kusetyenziswa isifaniso esiyifanisa neyegagu ingqondo yenkwenkwe. Kuvela uphawu lokufaniseka negagu ngokokuququzela kwayo inkwenkwe ezifundweni. Ixhego elinguyise wenkwenkwe liboniswa ukuzinikela ngegama elithi 'lancama'. Ngokombongo ukuncama kuzisa intsingiselo yokuba lathi lizazi ukuba alinamali yokufundisa lazibona lithatha neyokugqibela kuba inkwenkwe izinikela, iphumelela, iqaqe ngokusebenza kwabanye. Isigama sisenza siqikelele ukuba ukuzinikela kwenkwenkwe kuyenza yoyise amabanga aphantsi ide ijike nabazali babone ukuba mabayidlulisele phambili.

**Kwisitanza sesihlanu:**

- Kwesi sitanza kugqama ukuzinikela kwekhehlekazi nonyana. Ngokwemiqolo ethi, **'Nakwikhehlekazi kukubi, lizitotobela; Naxa kunjalo bathi kumele agqibe; Wasebenza naye wabhitya nemilebe.'** Ukuzinikela kuvela kwisigama ngokuthi sizise intsingiselo yokuba ixhegokazi lithi lizitotobela linjalo kodwa lizimisele ukuba inkwenkwe mayifunde igqibe nanjengoko sisithi 'kumele agqibe.' Kukubaxa okuphuhlisa ukuzinikela kakhulu kwenkwenkwe ukuthi, 'yasebenza yabhitya nemilebe.' Kunika iintsingiselo yokuzinikela ngokugqithisileyo. Isitanza esilandelayo sisithatha sisibonise uloyiso olufunyanwa yinkwenkwe.

**Kwisitanza sesithandathu:**

- **'Qondo leB.A. walixwaya emhlana. Khanyisa mzi babone kudana.'** Nalapha ubaxo olwakhelwe kwisikweko luphuhlisa ukuba uloyiso lubesisiphumo esiyiB.A. Isigama esithi inkwenkwe ilixway'emhlana siyenza ibengathi yinto elula enokuthathwa nje ibekwe emqolo kuba emva kokuzinikela bekusele kungathi bekulula. Imfundo efunyenwe yinkwenkwe ngokwesi sitanza isigama sityhila ukuba iB.A. izisa ukhanyo ukuze baqhubele phambili nabo bebengayithatheli ngqalelo imfundo.

(Nayiphi na impendulo echanekileyo.) **[10]**

Downloaded from Stanmorephysics.com

**UMBUZO 2: UMBUZO OMFUTSHANE**

**'WATSHA UMZI' – N Mgqwetho**

2.1 Zifunelwa ingxaki yokumka kwe-Afrika zikho√/ yingxaki yehlazo elivela ngokuwa kombhinqo wooNozala be-Afrika√/ yingxaki yophawu lukaKhayeni olwenza iinkokelikazi zingaboni ingozi ekuyo i-Afrika.√
(Nasiphi na isibini kwezi) (2)

2.2 Yintsingiselo ethi nabasiphetheyo√ abazibandakanyi nengxaki ekhoyo √/ neenkosi zethu√ zenza ngathi aziyiboni ingxaki.√
(Nasiphi na isibini kwezi) (2)

2.3 Ngowokuthunuka izazela zabalahle okukokwabo nangona bebexelelwe okanye bebevile ngemfuneko yokungakulahli.√√/Ngowokulumkisa uluntu lwaseAfrika ngokuza kubehlela nanjengoko belahle izithixo zabo.√√ (2)

2.4 Zikuveza ngokusebenzisa isigama esiqulethe ukuba abantu balikhe phezulu ilizwi likaThixo baze bazibona sebephulukana nenkululeko yabo elizweni labo ngenxa yokulahla okukokwabo.√√
(Nasiphi na isigama esifumaneka kwisitanza samkelekile.) (2)

2.5 Ndiyakungqina ukuhambelana kuba isihloko esithi, 'Watsha umzi' sisisilumkiso esazisa ngomonakalo kanti nomongo wombongo ungesilumkiso kumzi we-Afrika owonakalelwayo.√√
(Nayiphi na impendulo echanekileyo) (2)
**[10]**

**UMBUZO 3: UMBUZO OMFUTSHANE**

**'ULANGALIBALELE' – SEK Mqhayi**

3.1 Kukugcina igama namanxowa√/kukugcina ingcwaba likaBhungane.√ (2)

3.2 Yintsingiselo yokuba wazalelwa√ ... waswelekela.√ (2)

3.3 Kukugxininisa/kukubethelela uluvo lokuba uLangalibalele unamandla awafumana ngokuzalwa awagqithisela nakwinzala yakhe nanjengoko eyinkosi kwaye unawo namandla aphuhliswa zizenzo zakhe.√√/ Kukugxininisa/kukubethelela uluvo lokuba uLangalibalele unamandla ngokokuzalwa nangokwenza kwakhe.√√
(Nayiphi na kwezi) (2)

3.4 Ngokwesigama esithi, 'Nkunz' egqume kuNtabamhlope, Kwahlokom' amawa neentlanjana' esisukela kumqolo we-12–13 kuyavela ukungonwabisi kukaLangalibalele xa ekhalaza kuhlokome amawa neentlanjana.√√/ Ngokwesigama esithi, 'ikhe yaginywa mbumbulu ziqithi, suk'iziqithi zahlamb' intliziyo,' esisukela kumqolo we-14–15 kutyhileka ukuba ngexesha ebeseRobben Island uLangalibalele bekungonwatywa.√√ (2)
(Nasiphi na isigama esifumaneka kwisitanza samkelekile.)

3.5 Ndiyakungqina ukuhambelana kuba isihloko sithi, 'uLangalibalele' nomongo wombongo ungoLangalibalele.√√ (2)
**[10]**

Downloaded from Stanmorephysics.com

**UMBUZO 4: UMBUZO OMFUTSHANE**

**'UKUBETHWA NGEMVABA' – SEK Mqhayi**

4.1 Kukubambana komnumzana nenkosikazi yakhe√/ kukuyityundyutha ngemvaba inkosikazi.√ (2)

4.2 Yeyokuphuma kancinci kobisi√/ yeyokufumana into enencasa.√ (2)

4.3 Ngowokuqaqambisa ukuzinga kwesenzo sokubethwa komntu ongaphindisiyo.√√ (2)

4.4 Ngokwezi zitanza zibini umfazi ubalixhoba engaqondi ngokuyolelwa ziziphumo zobumnandi obuza nokubethwa yindoda kabuhlungu, kuze kuqondakale ukuba ebelixhoba umfazi yakuzibhaqela indoda icebo lokuza nebhotolo itsho iyeke ukuxhaphaza umfazi nomfazi atsho aphumle.√√
(Nasiphi na isigama esifumaneka kwisitanza samkelekile.) (2)

4.5 Ndiyakungqina ukuhambelana kuba isihloko esithi 'ukubethwa ngemvaba' sithetha ukubethwa ngesixhobo sokugcina ubisi ngeli xesha umongo walo mbongo nawo ungembali yokubethwa komfazi ngemvaba.√√ (2)
**[10]**

**UMBUZO 5: UMBUZO OMFUTSHANE**

**'UMAMA' B.W MATYENI**

5.1 Ngumnt'osisiququq' ukwenziwa.√/Ngumnt' osisikhuthal' ukudalwa.√ (2)

5.2 Ngumfanekiso ntelekelelo wokugqwesa/ wokuncomeka.√√/ wobunkokheli ngezenzo√√/ wokukhomba indlela ayihambe√√/ womzekelo omhle.√√
(Nayiphi na kwezi) (2)

5.3 Ukusetyenziswa kunye kwamagama 'isikroba, ikroba,' kutyhila ingxaki yokuba izibhoxi zifumana ithuba lokubhoxa xa engekho umama.√√/Yeyokuba ukungabikho kukamama kuvulela abangendawo amathuba okwenza izinto ezingamkelekanga/ ezigwenxa.√√
(Nayiphi na kwezi.) (2)

5.4 Imiqolo eli-14√/iikwatreni ezintathu ezinekhaphlethi.√ (2)

5.5 Ziyanqweneleka iimpawu ezinjengokuququzela/ukukhuthala/ukuvuka ekuseni/ ukuqoqosha/ukuthi cwaka xa usebenza nzima/ukuvakala kwesikroba xa engekho nobunkokheli njengoko zingasoloko zihamba kunye emntwini√√/ Akuqhelekanga ukuba iimpawu ezinqweneleka kangaka zibesemntwini omnye√√/Kungakuhle ukufumana isibini seempawu zalo mama njengoko kusokolisa ukuzizama kuzo.√√
(Nakuphi na ukuphawula okusekwe ekuziboneni izinto angekakhuli kuzo umviwa.) (2)
**[10]**

**AMANQAKU ECANDELO A: 30**

Downloaded from Stanmorephysics.com

## ICANDELO B: INOVELI/UNCWADI LWEMVELI

***INKAWU IDLIW'ILILA*** **– S Kula**

## UMBUZO 6: UMBUZO OSISINCOKO SONCWADI

- Apha ngezantsi sisikhokelo sokuphendula esi sincoko, sisebenzise njengesikhokelo kuphela.
- Mazamkelwe iimpendulo ezahlukileyo nezichanekileyo ezibonisa ubungqina bokucinga nzulu nokutolika ngendlela eyahlukileyo.
- Uluhlu lwemizekelo lunokusetyenziswa ukuxhasa izimvo zabaviwa.
- Jonga kwirubrikhi ekwiphepha lama-26 ukuhlola lo mbuzo.

**Umfundi makachankcathe kwezi ngongoma zilandelayo:**

**Kungquzulwano phakathi komthetho nolwaphulomthetho kutyhileka inkohlakalo ebifihlakele kuThantaswa.**

Kungquzulwano phakathi komthetho nolwaphulomthetho kule noveli uThantaswa uyavela ukuba unenkohlakalo. Inkohlakalo sisimo sokwenza okubi ngenjongo kwabanye abantu. Sakheleka ngaphakathi emntwini size sibonakale ngezenzo, iingcinga neentetho eziqulethe okubi okanye ukwenza okubi kwabanye. KuThantaswa sibonakele ngakumbi kwiminqweno, iingcinga nezenzo zakhe akungquzulana nomthetho emva kokugwintwa komyeni wakhe onguMsindisi.

- Kwakugwintwa uMsindisi, uThantaswa ubonakalisa ukuba kuthe kanti ufukame iimpawu neenjongo zenkohlakalo ngomyeni wakhe. Kudula oku kwincoko yomnxeba ayibamba noMfuneko olipolisa ngokusebenza. Ziyayityhila inkohlakalo iincoko zakhe, ukubandakanyeka kukaThantaswa ekugwintweni kukaMsindisi, ukubanenjongo kwakhe ekubulaweni kukaMsindisi, isibindi anaso njengomfazi kaMsindisi ogqiba kuswelekelwa. Uvakala kwincoko apho ayalela uMfuneko ukuba asebenze 'njengepolisa elive umkhondo.' Okufumanisekayo kule ncoko kukuba nanjengomama obhujelweyo bekumele ukuba usakhala kodwa unolwimi lokuteketisa uMfuneko, ngoo'sthandwa sam'. Kuyacaca kwakule ncoko ukuba ebeyinxalenye yesicwangciso sokubulalwa kukaMsindisi ngokuncoma ngentetho ezibandakanyayo ethi, 'abafana bawuqhube ngempumelelo umsebenzi ebesibasingathise wona.'
- Xa umthetho sele ungquzulana nolwaphulomthetho, umthetho ubeka umcuphi ukuze aphande ngesizekabani esinjengokufa kukaMsindisi. Kweli ityala umthetho ubeka uMfezeko Mapheza, ulandela inkqubo esemthethweni yokubeka umcuphi. Nangona uMfuneko noThantaswa bebelalele nabo, kaloku babelalele bekwicala lolwaphulomthetho. Ziyaphuka izigqibo zabo xa ebekwa uMapheza. Nabo bebhunga, beqiqizela, bebeka uNqoza omakaphazamisane nophando. Nalapha uThantaswa onenkohlakalo akaneli, ungxamile ukuba makafe uMapheza ngcono kuba umthetho ukhe wamlekuza ejongile uNqoza. Uyavela namhla uMapheza amphuncule sele embambile ngenxa yokungahambelani kwamaxesha okwaziswa kwakhe umphanga womyeni nelokuba yena ewazisile ngokwakhe umphanga. Uyavundla, aphimisele athi, 'kanti ufa nini lo Mapheza?' Yinkohlakalo ezalwa lungquzulwano lomthetho nolwaphulomthetho kuba umnqwenelela ukufa uMapheza engekabhaqi nto ngoThantaswa kuphando lwakhe.

Downloaded from Stanmorephysics.com

- Ukulila okwenkawu kwakugwintwa uMsindisi kutyhila inkohlakalo anayo uThantaswa kuba ekulileni kwakhe kukrokreleka injongo yokudyobha abantu intshongo emehlweni esazi ukuba ukufa kukaMsindisi kusisiphumo seenjongo zakhe. Nangona kulula ukumtyhola ngelithi ulila kuba enesazela, ulilisswa kukuba edliwa sisazela sokuba eyinxalenye kwiyelenqe lokufa kukaMsindisi. Kuyakuphazamisa ukucinga, ukulila encokola nogxa wakhe kulwaphulomthetho onguMfuneko.
- Kwisithuba apho uThantaswa avuswa nguMdlambila ngewili athe kanti akakho kuyo uThantaswa, kudula inkohlakalo ngokungenelela esebenzisana noMfuneko ukuba kujikwe iwili kaMsindisi ibandakanye uThantaswa ukuze afumane imali endaweni yokuba ifunyanwe nguPhumlani ongunyana kaMsindisi. Kuyavela ukuba uThantaswa ukhohlakele kuba uwela kulwaphulomthetho ngenxa yokuba intliziyo yakhe ayikwazi ukwamkela ukuba umntwana umele ukufumana amalungelo.
- Inkohlakalo iye iziveza ukubanzulu kuThantaswa xa engxamela ukufa kukaMapheza ade adlule kumazwi kaMfuneko abemele ukumthomalalisa athi uza kufuna ixhwele eliza kumnika umalingatshoni ukuze afe uMapheza. Uqaqamba apha uThantaswa afune afe uMapheza angalindi naloo malingatshoni. Kungqineka ukumfuna efile ngokuphimisela athi uMapheza ufanelwe ngumpu phakathi kwamehlo. Oku kuyangqina ukuba uThantaswa ukhohlakele.
- Ukudikwa kukaThantaswa, akuva iindaba zokuba uMapheza usindile kumalingatshoni kububungqina benkohlakalo. UMapheza kuThantaswa ungumthetho ngeli xesha yena Thantaswa sele elulwaphulomthetho oluneenyawo. Ukhona kwiyelenqe lokuba kugqogqwe indlu kaMapheza ngeenjongo zokufumana umpu ukuze adutyulwe ngawo kwenziwe ngathi uzibulele. Ukumfuna efile uMapheza bubungqina bokuba yena uzibona eya kuphumla kumthetho xa engasekho uMapheza. Ude awakhuphe qho amazwi enkohlakalo wokuba uMapheza makafe.
- Bubungqina benkohlakalo ukufuna uMapheza afe ngokumkhupha esibhedlele ayokutshiswa ngovutha kwaSiphongo. Ingxaki uThantaswa ufuna umthetho uphelelwe ngamandla kwaye kuye esaphila uMapheza umthetho usenawo amandla. Udano lwakhe lokufumanisa uMapheza akatshisekanga lumenza avuselele izifungo zokumenza afe. UThantaswa ubekulo iyelenqe lokwenza uMapheza afe wade wafaka isandla ngemali yokubhatalwa kukaSiphongo.
- Inkohlakalo yokungakwazi ukumelana namandla omthetho idula ngokudubula uMfuneko azidubule naye xa umthetho umvalele iibhanki engasakwazi ukwenza amayelenqe ahlawulelwayo.
- Umthetho omthe mbende uThantaswa osisaphulimthetho utyhila inkohlakalo abengaziwa ngayo uThantaswa, obesaziwa ngobuhle obuveleleyo. Le nkohlakalo ivele imthathe imse kwantshabalalo. Kuko konke sifunda ukuba liyinene elithi isisila senkuku sibonwa mhla ligquthayo kuba kwimeko apho umthetho udyarha izaphulimthetho, rhoqo sibona inkohlakalo entsha kuThantaswa.

  (Nayiphi na impendulo echanekileyo.) **[25]**

Downloaded from Stanmorephysics.com

**UMBUZO 7: UMBUZO OMFUTSHANE**

***INKAWU IDLIW'ILILA* – S Kula**

7.1 Kukungahlangani kwexesha aziswe ngalo umphanga ngamapolisa nexesha adlulise ngalo umphanga kuMkhokeli.√√ (2)

7.2 Ligumgedle abalenza kunye lokutheza amandla/lokulahla umkhondo kuphando lukaMfezeko olungokufa kukaYangaphi.√√/ Ligumgedle abakunye kulo lokuqinisekisa ukuba umkhondo wokufa kukaYangaphi awumbandakanyi uThantaswa.√√ (2)

7.3 Uyinxalenye kwiyelenqe lokudlisa uMfezeko ityhefu.√/ Ukulo neyelenqe lokuba kugujululwe umpu kaMfezeko ukuze adutyulwe ngawo.√/ Uyinxalenye ngexesha kuzanywa ukuba uMfezeko abiwe esibhedlele ukuze atshiselwe netyotyombe kwaSiphongo.√
(Naziphi na iinkcukacha ezibubungqina obusencwadini) (3)

7.4 Afukame ootsotsi abafumaneka lula xa kufuneka kubulawe umntu.√√/ Afukame ixhwele uSiphongo, nalo elifumaneka lula kumayelenqe okwaphula umthetho.√√/Ayindawo izaphulimthetho ezizimela kuyo.√√/ Kukho neethaveni ezisisigqubu sokucwangcisa ulwaphulomthetho nokugcina iziqhamo zolwaphulomthetho.√√
(Nayiphi na kwezi.) (2)

7.5 Ndiyangqina udlala indima yokubasisaphulimthetho kuba uncedisa uThantaswa ukuba atshintshe ubunini kwilifa likaMsindisi ngondlelamnyama.√√/Udlala indima yokubasisaphulimthetho ngokuziphatha gwenxa emsebenzini ade amangalelwe ezinkundleni zamatyala.√√ (2)

7.6 Alizange liphumelele kuba uMfezeko waphuma emva kweentsuku esibhedlele engafanga.√√ (2)

7.7 Kukufumana imali kaNompumelelo emva kokumkhupha kwityala lokubulala umyeni wakhe ngobuqhophololo.√/kukufumana imali yokongeza umrholo ngokuthengisa imipu yomsebenzi.√/Iithemba lokufumana imali kwilifa likaMsindisi.√/kukumane ephumelela okwethutyana kumagumgedle abemane ewenza ngabanye abalinganiswa.√
(Nasiphi na isibini kwezi) (2)

7.8 Kudiza ukuba kukho isipolisa esisebenzisana nootsotsi.√√/ Kudiza ukuba phaya esipoliseni kukho esizizaphulimthetho.√√
(Nayiphi na impendulo kwezi.) (2)

7.9 Kukufumana umpu kaMapheza ngenjongo yokuwusebenzisa ukumdubula ukuze kucingwe ukuba uzibulele kwangokwakhe.√√ (2)

7.10 UThantaswa √/UMfuneko√/UMdlambila√
(Nasiphi na isibini kwezi.) (2)

Downloaded from Stanmorephysics.com

7.11 Iphelele emoyeni imiqobo ayibekelweyo njengokungafi kwakhe emva kokugalelelwa ityhefu kwisiselo √/nokuzanywa ukuba atshiswe nendlu aze asinde√/uphelele emoyeni nowokugqogqwa kompu wakhe ngeenjongo zokumdubula ngawo√/Ibeyilibazisa le miqobo kuba ekugqibeleni baye bade bafunyanwa ukuba ngabo abangababulali.√
(Nasiphi na isibini kwezi.) (2)

7.12 Ndiyangqina yinoveli yolwaphulomthetho, kuba ibali lisungulwa ngesiganeko solwaphulomthetho liqhutywe ngumcuphi oza nesisombululo.√√
(Naluphi na uphawu lwenoveli engolwaphulomthetho.) (2)
**[25]**

Downloaded from Stanmorephysics.com

**UMBUZO 8: UMBUZO OSISINCOKO SONCWADI**

***NYANA WAM! NYANA WAM!* – WK Tamsanqa**

- Apha ngezantsi sisikhokelo sokuphendula esi sincoko, sisebenzise njengesikhokelo kuphela.
- Mazamkelwe iimpendulo ezahlukileyo nezichanekileyo ezibonisa ubungqina bokucinga nzulu nokutolika ngendlela eyahlukileyo.
- Uluhlu lwemizekelo lunokusetyenziswa ukuxhasa izimvo zabo.
- Jonga kwirubrikhi ekwiphepha lama-25 ukuhlola lo mbuzo.

**Umfundi makachankcathe kwezi ngongoma zilandelayo:**

Kungquzulwano phakathi kwemingeni yokukhula nobizo emntwini kutyhileka ukuba kuthe kanti uThole ungumntwana oqatshulwe ngelizwi likaThixo. Ukubangumntwana oqatshulwe ngelizwi likaThixo kuthetha ukuba ubuThixo buyathelela nokuba umntu sele esenza izinto ezingahambisaniyo nelizwi likaThixo. KuThole kubonakaliswe ukubangumntwana oqatshulwe ngelizwi likaThixo ngesigqibo awasithathayo waze wagqwidiza endleleni kodwa ubizo lwamkhwebela ngasebuThixweni wabuya wathi tse.

- Phakathi kwemiqondiso yokuba ngumntwana oqatshulwe ngelizwi likaThixo kuqaqambe isazela kuThole. Siziveze ngokubhomboloza kwityeli apho ebesezwa utywala ngoontangandini. Basihlupheze isazela sakhe ngokuthi athi esela babe bemntyontyela ngelizwi likaThixo ebeliphuma kumbhobho osisiqaqadeki esinguThemba saze samenza wabhombholoza endaweni yokunxila kamnandi.
- Sele elahlekile eluthandweni eBhayi, uvalo luveza ukuqatshulwa kwakhe ngelizwi likaThixo mhla ilizwi lomshumayeli wakwaSigxabhayi lirhiphula umbilini wakhe endleleni eya kuloNomsa. Kuthi kanti luvalo olusisilumkiso ngoba xa ilizwi lisithi, 'Umntu unokuwuthabatha na umlilo awuse esifubeni sakhe, zingatshi na iingubo zakhe?', aze angongozelwe luvalo komninilo, loo nto ithetha ukuba lilizwi elihlolayo. Ekuhambeni kwethuba usinda kuJoe neqela lakhe elimfuna efile ngenxa yokuzisondeza kwakhe ngothando kuNomsa. Asinguye nabani onenyhweba yokufumana izilumkiso xa eza kujamelana nokufa. Nokusinda akufumene kwangale mini kudiza amandla angaqhelekanga amsindisayo.
- KuThole ukubangumntwana kaThixo kuvela ngokuba izinto zakhe zenzeke ngokwahlukileyo njengokuba asindiswe kwiingonyama eKnysna, imali ayibethelwa xa ebuya eNgilane neentshumayelo zakhe ezivuselela abantu de zimdibanise noyena yise omzalayo.
- Ukubangumntwana kaThixo komntu kuyaziveza nangamaphupha axhokonxa isazela salowo uthe waqatshulwa ngelizwi likaThixo. EKnysna, ehlathini, uThole ubiwa bubuthongo, ephethelwe imbengwana ziingonyama, afumane iphupha apho abangathi uwa phezu kwengonyama. Kwasephupheni njalo asindiswe ngumfo onomnqwazi wameva omxhwila emlonyeni wengonyama, amphose kude. Liphupha elivela lingumqondiso okrobisa ekusindeni kwakhe kuhlaselo lwakhe ziingonyama ezazimthe mbende apho ehlathini. Alimonwabisanga nephupha lomfo onomnqwazi wameva kwaseKnysna emva kokusinda kwakhe wade wancama wathengisa imfuyo eyayinokumenza isinhanha sasemhlabeni. Neli limkhuphe kubugqirha besiNtu obumenzela imali likhatshwa lelikaNofundile, elikaFikizolo,

  MaNtuli nelikaThozama. Onke amenza abulahle ubugqirha obunemali, agoduke.

Downloaded from Stanmorephysics.com

- Umntwana kaThixo uthi akukhala kuyise azibonakalise uyise onguThixo. UThole uthi mhla ajamelene nomngeni wezihange zikaJoe ezifungele ukumbulala enze umthandazo okhatshwa zizibhambathiso zokuyisebenzela inkosi xa enokusindiswa. Ukuvela kwamapolisa asindisa uThole ekufeni kubayimpendulo yalo mthandazo kuba izihange ziyabaleka, atsho asinde ekufeni uThole. Adanduluke yena uThole ngelithi, 'Umkhulu Thixo!' ukungqina ubukho bukaThixo kwindlela yakhe yobomi.
- Ngumntwana kaThixo kuphela onqandelwa asinde engenaso nesiphako kwiingonyama ezinobuhalarhume ehlathini sele ede wabe uwe phezu kwazo. Uthi naxa sele ephumile ehlathini uvakale umgqumo wengonyama ilanda ekhondweni. Ukwenzeka kwento engaqhelekanga yokubaleka kwengonyama xa uThole eyikhawulela egaqa kuveza ukhuseleko oluvela kuThixo njengomzali wakhe nokuye ngaphakathi njengomkhuseli wakhe.
- Umntwana kaThixo ukhutshwa sele ezibona esisinhanha ngesazela ngamaphupha. UThole uthi sele enento yonke kwelo laseKnysna kodwa angonwabi. Isazela sakhe sivuselelwe yintshumayelo yonyana wolahleko ethi imenzakalise, imkhumbuze ngendlela ekumele ayithathe, atsho athabathe isigqibo sokugoduka.
- Nangona uThole ebengekafikeleli kwinqanaba lokuzinikela kodwa iintshumayelo zakhe zidala isimanga sokugqobhoka kwabafundi baseDikeni ngexesha angumfundi apho. Ubomi bakhe buyabonakala ukuba burhangqwe ziintsikelelo zikaThixo.
- Ungquzulwano lobomi bokukhula nohlanga lobizo lukaThixo lulawulwa ngentandabuzo eyaziwa ngokuba yimpixano yangaphakathi kuhlalutyo lweenoveli. Intandabuzo kaThole isonjululwa emva kwentshumayelo kamfundisi uMaqoma esikolweni kwaSomgxada. Le ntshumayelo izinga, ivuselele izibhambathiso uThole awazenza esesebuntwaneni, azibuze umbuzo wokuba luyintoni na ubizo. Impendulo yalo mbuzo ibekukuzinikela kwakhe. Ukuzinikela kwakhe kuvula isango lokuzinikela ngokungaqhelekanga kwabanye abafundi.
- Baninzi abantwana abasakhangela ooyise nangoku kodwa uThole yena uthi
- akwamkela uThixo afumane uyise omzalayo. Ngodumo lweentshumayelo zakhe utsala umdla kwixhego elihlala enkomponi ekufumaniseka ukuba nguyise owayesele watshiphayo kwelo lakwaMangqukela. **[25]**

Kuyabonakala ukuba uThole uqatshulwe ngelizwi likaThixo xa ujonga iindlela ezenzeka nezingaqhelekanga ngayo izinto kubomi bakhe.
(Nayiphi na impendulo echanekileyo.)

Downloaded from Stanmorephysics.com

**UMBUZO 9: UMBUZO OMFUTSHANE**

***NYANA WAM! NYANA WAM!* – WK Tamsanqa**

9.1 Kukucinga ukuba bayathandana noNomsa kanti uza kuhlangana nokubethelwa ibhokisi nguJoe.√√ (2)

9.2 Sesokusondeza uNomsa ekuthe kanti uza nobungozi ebomini bakhe.√√/ sesengxaki yokubethwa nguJoe eza ngokuba ezisondeze uNomsa.√√ (2)

9.3 Kukulahlekiswa ziitshomi√/ kukubethwa nguJoe ethandene noNomsa wakhe√/ kukubukela iitshomi zakhe ziqwengwa ziingonyama√/ kukutyiwa yindlala eKnysna waphela eligqirha√/ kukubaligqirha atyatyulwe ngamaphupha.√
(Nasiphi na isithathu kwezi.) (3)

9.4 Ubudala babalinganiswa bale noveli benze kwalula ukulahlekisana nokufakana kwimikhwa engalunganga kwabalinganiswa.√√ (2)

9.5 Ndiyangqina kuba nguye olahlekisa uThole kwindlela yakhe yobufundisi nangona engaqondi okanye nangona engenzi ngeenjongo nje.√√ (2)

9.6 Zange aphumelele kuba kwavela amapolisa wabaleka uJoe neqela lakhe, waba uyasinda njalo uThole.√√ (2)

9.7 Ukhuthazwa ngumnqweno akubona uchwenene womfundisi owayenqanda abantwana abalwayo.√/ Ukhuthazwa nguThozama ngokumxhasa nokumnika iincwadi.√/ Ukhuthazwa nguFikizolo noMaNtuli kwisigqibo sakhe sokubuyela esikolweni.√/ Ukhuthazwa ngabefundisi bakwaLizwi.√
(Nasiphi na isibini kwezi.) (2)

9.8 Zidiza ukuba uThole uphiwe ngokwahlukileyo kwabanye abantu.√√ (2)

9.9 Kukupha uThole isipho sokumamkela kuba evela eNgilane.√√ (2)

9.10 Umfundisi Maqoma√/Umfundisi Shepherd.√ (2)

9.11 Kuyacaca ukuba umlinganiswa oya elubizweni lokubangumfundisi uyakwazi ukuyoyisa imiqobo enamandla njengoko sibone uThole ehlangana nemiqobo efuna ukuzeyisa okungaphaya kokuqonda, njengokoyisa utywala, ukuthandana nokuqhatha abantu baseKnysna waze yena wayohlula.√√/ Eminye imiqobo ikhe ibeke ubomi bomlinganiswa kumngcipheko kodwa asinde, aphumelele abengumfundisi nanjengoko uThole wayephakathi kokufa nokuphila ehlathini laseKnysna, waphakathi kokufa nokuphila kuloNomsa apho uJoe wayemfuna ebhubhile kodwa wamnceda ukuba ahlaziye izibhambathiso zesifungo sakhe sobufundisi waphumelela.√√
(Nayiphi na impendulo echanekileyo.) (2)

9.12 Ndiyangqina kuba uphawu lwenoveli engentlalo olukukufumbatha izinto ezingentlalo yabantu luyabonakala xa uThole obezimisele ukubangumfundisi esiwa evuka ezama ukubangumfundisi ade aphumelele.√√
(Naluphi na uphawu lwenoveli engentlalo.) (2)
**[25]**

**UMBUZO 10: UMBUZO OSISINCOKO SONCWADI**

Downloaded from Stanmorephysics.com

***UKHOZI OLUMAPHIKO* – N Saule**

- Apha ngezantsi sisikhokelo sokuphendula esi sincoko, sisebenzise njengesikhokelo kuphela.
- Mazamkelwe iimpendulo ezahlukileyo nezichanekileyo ezibonisa ubungqina bokucinga nzulu nokutolika ngendlela eyahlukileyo.
- Uluhlu lwemizekelo lunokusetyenziswa ukuxhasa izimvo zabaviwa.
- Jonga kwirubrikhi ekwiphepha lama-25 ukuhlola lo mbuzo.

**Umfundi makachankcathe kwezi ngongoma zilandelayo:**

Kungquzulwano phakathi kwengcinezelo nomzabalazo wenkululeko kutyhileka ubuqhawe kuMfazwe**.** Ingcinezelo egqubayo kule noveli isukela kurhulumente wocalucalulo ize ibangele ukuba uluntu oluquka uMfazwe lwenze imigushuzo ekhatshwa luqhankqalazo oludiza ukungahambisani nengcinezelo karhulumente.

- UMfazwe uvela ubuqhawe xa ethi ngexesha lengcinezelo azincame, njengetitshala abakrobise abafundi bezifundo zeMbali kwiimeko zengcinezelo ezigqubayo kwilizwe loMzantsi Afrika.
- Amaqhawe omzabalazo ebebonwa ngokungawazinzisi amapolisa ngela xesha lengcinezelo, kuba ebehlala efunwa ngenjongo yokuwavalela okanye ukuwavala umlomo ngeendlela ngeendlela. Ebevalwa umlomo ngokuguqulwa abeziimpimpi okanye abulawe. NoMfazwe akasindanga kolo gqugqiso.
- Ungquzulana nengcinezelo ngokuzincama akrobise abafundi bezifundo zezeMbali kwingcinezelo neempawu zayo. Uyabanjwa aze angcungcuthekiswe ngeenjongo zokuba akhuphe ulwazi analo ngemigushuzo eyenzekayo kwaQaka nabantu abaphambili kuyo. Buyatyhileka ubuqhawe bukaMfazwe bucace xa akwaziyo ukumelana neemeko zokungcungcuthekiswa ade aphume enganikezelanga ngelizwe lakhe, engabuthathanga nobumpimpi abazikhupha ngabo ekuzungulweni oontangandini bakhe.
- Ukuthengisa ngomzabalazo bekudla ngokubonakala ngokuthi othengiweyo ade avume ukubayimpimpi. UMfazwe uthi sele edliswa ngezinja, ethukwa, etshiselwa, nanjengoko ezo iziimpawu zongquzulwano phakathi kwengcinezelo nemigqushalazo yenkululeko anganikezeli. Akanikezeli ngelizwe lakhe sele amapolisa emthembisa ngobomi obumnandi.
- Iimpimpi esezivumile nazo zidla ngokuba zinikeze ngolwazi olufaka lowo ufunwayo engxakini. Ubudlelwane bukaFriday noMfazwe bungenile kolu vavanyo lukukuxikixwa yingcinezelo, wagqushalaza waxolela ukuncama uFriday kunokuncama umzabalazo anikezele ngelizwe lakhe. Ukubonwa kukaMfazwe nguFriday ekhwele iveni yamapolisa kumenza ukuba atyholwe njengongcothoza.
- UMfazwe uzibona ekwelinye idabi lokuhlamba igama lakhe kuFriday kunye noluntu lakwaQaka, oku kumtyhila njengeqhawe kuba uwalwa ngempumelelo la madabi ngempumelelo sele ede wabe utshiselwe nekhaya lakhe.
- Ukuncama isithandwa lolunye uphawu lobuqhawe abonakala ngalo uMfazwe ukuba akathengisi tu ngelizwe lakhe. Iinzame zokuzikhupha kumayelenqe nemigibe kaFriday kubangela angavani nesithandwa sakhe uNokuzola.

- Ubonakalisa ubuqhawe xa aqhwesha ngempumelelo emva kokucetyiswa nguHlathi ukuba abhace ngeenjongo zokumsindisa kumapolisa nakuluntu lakwaQaka olukhokelwa nguFriday olwalusele lulutshaba kuye ngenxa

Downloaded from Stanmorephysics.com

yobutshantliziyo bakhe bokulwa ingcinezelo.

- Ungquzulwano lukaMfazwe namapolisa amele ingcinezelo kutyhila ubuqhawe kuMfazwe akufika ngempumelelo kwinkampu yeNtsimb'ebomvu. Butyhuluba ubuqhawe ngokuthi afumane ingcebiso kumzingeli ngendlela yokuqhwesha amxhobise nangamafutha anokuwasebenzisa kunye nomqwayito wendlela aze afike ngempumelelo.
- Elubhacweni ungquzulwano ludla ngokuvela ngokukrokrelana nokungathembani kwabo balwela inkululeko. NoMfazwe akasindanga kolu krokrelo kuba nabanye balapho abalwela inkululeko babeyawamtyhola ngobuntlola. Ubuqhawe buvela ekoyiseni iingqondo zabebecinga ukuba uyintlola ngezenzo zakhe ezibonakalise ukuba akayiyo intlola koko ungumncedi kubo. Badula akulwa, amoyise uSikhotsholo waze wahlonitshwa wathenjwa emva koko.
- Ukusinda kuhlaselo luphawu lobuqhawe. UMfazwe usinda kuhlaselo olwenziwa ngamajoni karhulumente wengcinezelo aze avele ukuba naye uliqhawe ngakumbi xa esindisa nabanye.

(Nayiphi na impendulo echanekileyo.)

**[25]**

**UMBUZO 11: UMBUZO OMFUTSHANE**

***UKHOZI OLUMAPHIKO* – N Saule**

11.1 Waziwa njengoqalazive kuba ebebangowokuqala ukwazi abantu abaza kubulawa ngamapolisa nezasekuhlaleni bezisisiwa nguye emapoliseni.√√ (2)

11.2 OoNoposi abanamali ininzi kanti yena uFriday unemali eninzi.√√/ Oonoposi abanxibi mpahla isemgangathweni abe uFriday enxiba iimpahla ezisemgangathweni.√√
(Nayiphi na impendulo kwezi.) (2)

11.3 Kukumbambisa ngamapolisa, avalelwe engenzanga nto.√/Kukutshisa ikhaya likaMfazwe.√/ Kukudukisa abazali bakaMfazwe baphele bebhubha.√/ Kukuyokugqogqa uMfazwe kwatat'uGaba.√
(Nasiphi na isithathu kwezi.) (3)

11.4 Indawo yakwaQaka yindawo enezidubedube kuba kuyo ngokwebali kuhlala abantu abamnyama abacinezelekileyo apho bekubulawa abafundi bengenzanga nto.√√/ Kukutshiswa kwezikolo abantwana abamnyana basale bengenandawo yokufunda√√/ Kutshiselwa abantu ezimotweni ngenxa yemizamo yokulwa nengcinezelo.√√
(Nayiphi na impendulo echanekileyo.) (2)

11.5 Ndiyagqina kuba uKK wabulawelwa etrongweni ngamapolisa engenzanga nto.√√ (2)

11.6 Zange aphumelele kuba uMfazwe wayesejele ngala mini kuthiwa makatshiswe ngayo√√/kuba yonke le nto uMfazwe uyayibaliselwa.√√
(Nayiphi na kwezi.) (2)

11.7 Ziinkuthazo zikatat'uGaba.√ Zikamfundisi uHlathi√/Uncedo lomzingeli.√
(Nayiphi na impendulo echanekileyo) (2)

11.8 Kudiza ukuba uyimpimpi ezifihlayo ebantwini.√√ (2)

Downloaded from Stanmorephysics.com

11.9 Kukufumana uMfazwe baze bambulale.√√ (2)

11.10 NguNokuzola√/noCikizwa √ (2)

11.11 Ibenamandla imiqobo efuna ukunyamezela efana nokubekwa izityholo zobumpimpi kude kutshiswe nekhaya lakhe/imiqobo yokumenza ajikelwe ngabafundi bakhe baphele sebemfuna phantsi naphezulu kodwa wayohlula.√√ (2)

11.12 Ndiyangqina kuba uphawu lwenoveli engopolitiko olukukulwa nengcinezelo komlinganiswa ophambili luyabonakala ngoMfazwe olwa nengcinezelo, wabhaca wabuya ngetikiti lenkululeko.√√
(Naluphi na uphawu lwenoveli engopolitiko.) (2)
**[25]**

**UNCWADI LWEMVELI**

**UMBUZO 12: UMBUZO OSISINCOKO SONCWADI**

***UBUNCWANE BONCWADI LWEMVELI* – MMI Swana nabanye**

- Apha ngezantsi sisikhokelo sokuphendula esi sincoko, sisebenzise njengesikhokelo kuphela.
- Mazamkelwe iimpendulo ezahlukileyo nezichanekileyo ezibonisa ubungqina bokucinga nzulu nokutolika ngendlela eyahlukileyo.
- Uluhlu lwemizekelo lunokusetyenziswa ukuxhasa izimvo zabaviwa.
- Jonga kwirubrikhi ekwiphepha lama-25 ukuhlola lo mbuzo.

**Umfundi makachankcathe kwezi ngongoma zilandelayo:**

Kungquzulwano phakathi kwemingeni yentlalo nomlinganiswa kutyhileka inzondelelo kuDeliwe ngeli xesha kutyhileka ubuqhawe kuRharhabe. Inzondelelo kukubanomonde, kukungabuzi, kukungakhalazi, nokungasolimntu, koko wenze ekuthiwe kwenze, uwunyuke umnqantsa uwugqibe nokuba sele kunzima.

- Ungquzulwano phakathi kwemingeni kaDeliwe yokuphila nesiphene somzimba sokubasisifombo luvela ngokungathandwa ngabazali bakhe kuba besithi mbi. UDeliwe uyazondelela amelane noko kucatshukelwa ngokuthi cwaka athule, angaphenduli, kwaye anganyhukuli namnye kubangcikivi bakhe. Ukuzondelela kuDeliwe kuvela ngokungabubuyiseli ngobunye ububi obuza ngakuye.
- Ungquzulwano nemingeni ahlangana nalo uDeliwe alwaneli nje ukuba lubekho ekhayeni nabamelwane kubandakanya noontanga bakhe baveza ukungamthandi. Bakwenza ngokucwezela kude kuye xa bembona. UDeliwe umelana nale meko ngokuba akalwi nabo koko avuke ngentseni ukuya kukha amanzi ukuze angadibani nongquzulwano oluza nabangcikivi bakhe. UDeliwe udela izoyikiso zokusolwa ngumlambo xa esiya ngentseni emlanjeni. Inzondelelo kuye iphuhla ngokuthi akuphephe ukubenza buhlungu abangcikivi bakhe. Uyiqonda kakuhle

  ukuba inzondelelo kukujongana ngqo nomnqamlezo wakho ungasoli mntu.
- Kungquzulwano phakathi komngeni wokungcikivwa nguDeli ongumnakwabo, uDeliwe umelana nawo nomngeni womntakwabo ombiza njengomcholwa kwikhaya lakhe. UDeliwe akambuyiseli ngobubi engambambeli nenqala. Ude uDeliwe acele ukukhatshwa kwanguDeli ukuya kwaninakhulu apho uDeliwe

Downloaded from Stanmorephysics.com

wayethunywe khona. Akwala uDeli kuba engafuni kubonwa nesifombo akamlwisi uyayihamba yedwa indlela eya kwaninakhulu.

- Kungquzulwano phakathi kwemingeni nokumelana nemingeni, uDeliwe xa engancedwa mntu uhamba yedwa elila. Ufumana uncedo kungenelelo lwelizwi elimbuzayo ulilela ntoni, aze akuchaza limyalele ukuba anyamezele ngakumbi, anyuke intaba ade afike encochoyini apho afumana nomyalelo wokuhlala emthandazweni Umonde wakhe uyamqhuba ukuba aqhubekeke ngomonde ayenyuke noxa ingumnqantsa intaba. Ukuzondelela enze ngokwemiyalelo uDeliwe kumenza abuyele engasenasifombo, sisukile.
- Nakwisibongo 'Intaba kaNdoda' kungquzulwano oluphakathi kukaRharhabe namaLawu /nabaThwa kudula ubuqhawe bukaRharhabe.
- Ukufika kukaRharhabe nehlokondiba labalandeli bevela kwaPhalo phesheya komlambo, beqhephuke kuGcaleka, bemise imizi, balime nokulima kuvusa umnyele kumaLawu. Oku kwenzeka kwiNtaba kaNdoda.
- Udiwu lwemfazwe oluqhubeka ngenxa yoku kungavisisani luthatha ithuba, iiveki zizale iinyanga, kusifa umntu, kude kungenelele nabaThwa. URharhabe uyoyisa kude kuloo mpalalo gazi, kuzalwe isivumelwano emva kokoyiswa kwamaLawu bavela ubuqhawe bukaRharhabe ngoloyiso lwakhe.
- Ubuqhawe bukaRharhabe bubonakala ngakumbi akudala uxolo nemvisiswano namaLawu ngokunaniselana ngeenkomo ngenjongo yokuzuza umhlaba ukuze kungabikho zintliziyo. **[25]**

**UMBUZO 13: UMBUZO OMFUTSHANE**

***UBUNCWANE BONCWADI LWEMVELI*** **– MMI Swana nabanye**

13.1 Babethandana oku kusisimanga.√√ (2)

13.2 Wayeyindoda ephandela usapho lwayo.√√/ Ukhathazeka kakhulu kukuswelekelwa ngumntwana.√√
(Nayiphi na impendulo echanekileyo kwezi.) (2)

13.3 Isiqalo/intshayelelo-kwathi ke kaloku ngantsomi√/ixesha lakudala kudala – dala.√/Abalinganiswa zizilwanyana.√/ Uphindaphindo olutsala umdla wabaphulaphuli-sibhuqe,sabhuqa.√/ isiphelo – phela-phela ngantsomi.
(Nasiphi na isithathu kwezi.) (3)

13.4 Silibele ukutyisa abantwana ngenxa yeendaba.√√/Silahla isitshixo sendlu.√√
(Nayiphi na kwezi.) (2)

Downloaded from Stanmorephysics.com


13.5 Ndiyangqina kuba isikhukukazi soyiswa luxanduva lokuba ngumama wekhaya, sibutha imini yonke nabantwana belambile.√√/ Senza into ethandwa siso singajonganga kuvisa buhlungu mntwini kodwa izinto ziphelele ebubini singaqondanga.√√
(Nayiphi na kwezi.) (2)

13.6 Alizange liphumelela kuba ngokwentsomi nanamhlanje isikhukukazi sisaqhwaya sikhangela isitshixo.√√/ Abantwana baso basaxhwila ngukhetshe nanamhlanje.√√
(Nayiphi na kwezi.) (2)

13.7 Kukufa komntwana wakhe√/kukulahleka kwesitshixo.√ (2)

13.8 Kudiza ukuba uRhulumente nguye owenza umanyano lweentlanga ngeentlanga kwisizwe.√√ (2)

13.9 Kukuqaqambisa ukuba ingcinezelo yamabhulu ibingakhethanga sini sithile.√√ (2)

13.10 Kuyimfuneko ukubulela kwidlelo neenkomo xa zenze umsebenzi omhle wokukhupha izilumko zelizwe.√√
(Nayiphi impendulo echanekileyo.) (2)

13.11 Mzulu√/ Mxhosa√/ Msuthu√/ Mvenda√/ Mswazi√/ Mtswana√/ Ngesi√/ Bhulu√/ Mtsonga.√/ Mpedi√ kuba zonke uzirhiwula uziqhubele buhlantini bunye.
(Nasiphi na isibini kwezi.) (2)

13.12 Ngabantu abangaboni xabiso kumanyano kuba ukhuthaza umanyano nokuhlalisana kakuhle kwezizwe ezahlukeneyo.√√/ Ngabantu abangaxabisanga/abangabaziyo ubomi obebuphilwa ngabantu abamnyama kuba ukhumbuza ngendlela ehanjwe ngabantu abamnyama nempumelelo yabo eMzantsi Afrika.√√ (2)
**[25]**

**AMANQAKU ECANDELO B: 25**

Downloaded from Stanmorephysics.com

## ICANDELO C: IDRAMA

### UMBUZO 14: UMBUZO OSISINCOKO SONCWADI

### *BUZANI KUBAWO* – WK Tamsanqa

- Apha ngezantsi sisikhokelo sokuphendula esi sincoko, sisebenzise njengesikhokelo kuphela.
- Mazamkelwe iimpendulo ezahlukileyo nezichanekileyo ezibonisa ubungqina bokucinga nzulu nokutolika ngendlela eyahlukileyo.
- Uluhlu lwemizekelo lunokusetyenziswa ukuxhasa izimvo zabo.
- Jonga kwirubrikhi ekwiphepha lama-25 ukuhlola lo mbuzo.

**Umfundi uya kuchankcatha kwezi ngongoma zilandelayo:**

**Ukhetho alwenzayo umntu ebomini lungeza neziphumo ezibi okanye ezimnandi. Ngqina olu luvo ngabalinganiswa uZwilakhe noGugulethu.**

- UZwilakhe unosapho, unenkosikazi enguMaGaba, unonyana onguGugulethu kanti nentombi enguNozipho. Unyana wakhe onguGugulethu ukwixabiso lokuba atshate, kodwa ukhetho alwenzayo uZwilakhe lubaneziphumo ezibi kweli khaya, xa ehlalele ukuxambulisana noGugulethu okhetha ngokwahlukileyo kolwabazali.
- Ubumnandi kweli khaya bujika akuvuma uZwilakhe ukulukuhlwa ngowakwakhe okhetha ukuba amtshatise ngenkani uGugulethu nentombi kaMcothama abayithandayo enguThobeka, angenabudlelwane nayo uGugulethu. Ukhetho lwabo luzisa uxinzelelo olumandla kuGugulethu nengxubakaxaka kweli khaya. Ingxaki kukuba endaweni yokukhetha undofanaye kaGugulethu bakhetha owabo bayokumnyanzela kuGugulethu. Iziphumo zolu khetho lwabo zibakrakra.
- UZwilakhe uyaqhuba uthi enawo amaHlubi okumcebisa, akhethe ukuba angawamameli, atsho angathathi necebo lawo. Ugxagxamisa ukuzekelwa kukaGugulethu, iqale ingxaki, uGugulethu agule ngengqondo luxinzelelo.
- Olu khetho lokungawamameli amaHlubi lunesiphumo esiwudungayo umzi esikukwahlulelana phakathi kwamaHlubi de abe ubonwa njengenkomo enotshobo sisiHlubi. Ahlulelana ngokuthi uZweni akhalale azikhuphe kwiingxoxo zelobola, amvule uZwilakhe enze ngendlela abona ngayo nabanye bathi noko behamba naye bemxhasa, bamxhasele nje ukuba bangamlahli kodwa bazazise ukuba bayayibona inkani yakhe.
- Sekuceliwe kwalotyolwa calanye, ukhetho alwenzayo ecaweni uZwilakhe lokuthi unyana selezibophe isandla, ezenza ongakwazi kusayina, akhethe ukumsayinela, eyalwa, enqandwa nokunqandwa ngumfundisi. Isiphumo siba kukuba unyana azonde alishiye ikhaya.
- Iziphumo zibamanyukunyezi kukufa kwabantu abathandayo uZwilakhe ukuqalela kuMaGaba, uThobeka nabantwana bakhe noGugulethu buqu ngenxa yokhetho lwakhe abe naye esifa umoya, obonakala ukufa ngokuzisola kwakhe. Phi na lingasekho nje ithuba lokwenza izilungiso ngokukhetha kutsha?
- Ufa namthanyana sele ekhetha ukuba kuxhonywe yena endaweni yonyana kodwa ube umthetho ugweba umbulali omangalelweyo hayi ozimangalela engabonwa nto ayenzileyo.

- Ngokwalo mbuzo uGugulethu uvinjwa ithuba lokuzikhethela umfazi kuba uyise

Downloaded from Stanmorephysics.com

uyamnyanzela okokoko. Omkhalelayo angafane ame kumgca wokuba akakhange alusebenze ngokupheleleyo ukhetho olumvisa kamnandi.

- Uzibona ekhetha ukukhalala, izinto zihambe kakubi ngohlobo lokuba uphela esima ezinkundleni ngenxa yokuba uNomaMpondomise ucinga ukuba lukhetho lwakhe olumenza abe akatshatanga naye.
- UGugulethu ukhetha ukubulala uThobeka nabantwana bakhe. Isiphumo sokubulala siba kukugwetywa intambo.

(Nayiphi na impendulo echanekileyo.) **[25]**

**UMBUZO 15: UMBUZO OMFUTSHANE**

***BUZANI KUBAWO* – WK Tamsanqa**

15.1 Kuyiqale ngokuthi uZwilakhe namanye amaHlubi akubone kulungile ukuzekela uGugulethu intombi ethandwa nguMaGaba ngeli xesha amanye amaHlubi ehambisana noGugulethu ofuna ukuzeka intombi ethandwa nguye.√√ (2)

15.2 Aqulethe uluvo lokuba nguyise oneempendulo zayo yonke into engale ntombi kuba nguye oyikhokelayo, oyinyanzelisayo, obonakala enazo nezigqibo.√√/ Aqulethe uluvo lokuba uGugulethu umbona engasenakutshintsha uyise.√√/ Aqulethe uluvo lokuba uGugulethu unikezele.√√
(Nayiphi na kwezi) (2)

15.3 AmaHlubi adlala indima yokubangabantu bekhaya ngoko ke angabacebisi nabaxhasi bekhaya likaGugulethu.√√ (2)

15.4 Uzizoba mayana.√ Uzobo olumayana lwenzeka xa isimo somlinganiswa sihlunyiswa kwiintetho zakhe singachazwanga ngokungqalileyo.√ Ngokwamazwi kaZwilakhe uzipela ukungabinantlonipho kumaHlubi ngokunqonqozisa ukuba akasayi kujika kwinto ayithethayo.√ (3)

15.5 Umbeka ityala ngokuthi sekufiwa nje nguNomaMpondomise nguye lo usisiqalo sezehlo ngokufuna ukungabiloxoki kuMaGaba.√√/ Ngokungavumi ukuba uGugulethu azithethelele sele ede wacengelwa nguMzamo.√√/ Ngokutshatisa uGugulethu ade amtshatele phambi komfundisi aze uNomaMpondomise akuva ngomtshato, azibulale√√/
Ngokuthi selesifa nje uThobeka nabantwana bakhe abathathu ngokubulawa nguGugulethu kungokuba nguZwilakhe oqale ingxaki ngokubathumela kuGugulethu engabazi.√√
(Nasiphi na isibini esichanekileyo.) (4)

15.6 Iinjongo zikaMaGaba zokunyanzelisa uGugulethu ukuba atshate uThobeka zazikukuqinisekisa ukuba bona bazali bohlala bemthathela izigqibo unyana wabo abamthandayo,abeve kodwa, banela nje ukumnyanzelisa zaqala iingxaki zokungamanyelwa nguGugulethu asuke athi, 'Buzani kubawo' angenzi nenye wade unyana waphela engumbulali noMaGaba wafa.√√ (2)

15.7 Sisenzo sokubulala uThobeka nabantwana bakhe.√√ (2)

15.8 Ngamagama axela intshukumo yabalinganiswa.√√ (2)

Downloaded from Stanmorephysics.com

15.9 Eneneni izigqibo zifanele ukuba sithathwa emva kokuhluza phakathi kokulungileyo nokungalunganga kodwa umlinganiswa onguZwilakhe yena ubonakalisa ukungakuthatheli ingqalelo ukuhluza ngokuthi eve into echaphazela uGugulethu ngoMaGaba, ayithathe, angambuzi, angayibeki nasesikalini, ayithathe ngobunjalo bayo ayenze, angajiki nokuba sekufiwa.√√
(Nayiphi na impendulo echanekileyo.) (2)

15.10 Impixano yangaphakathi yenzeka xa umlinganiswa enezimvo ezikhabanayo ngaphakathi kuye/engqondweni yakhe nekufuneka ethathe isigqibo ngayo.√ Umzekelo; ukubethabethana kwezimvo zikaNomaMpondomise ngelixa kufuneka ethabathe isigqibo sokwamkela isicelo somtshato sikaGugulethu zibe iinkomo zikaMcunukelwa zisebuhlanti.√
(Nayiphi na impendulo echanekileyo.) (2)

15.11 Ngowokuba uluntu malucingisise, lujonge nemithetho phambi kokuthatha izigqibo ezikhulu kuba uNomadpondomise uzeyelisele ngenxa yovakalelo.√√/ Ngowokuba izigqibo mazingathathwa ngeemvakalelo kuba umnikazi zingamfaka engxakini enkulu.√√
(Nayiphi na impendulo echanekileyo.) (2)
**[25]**

**UMBUZO 16: UMBUZO OSISINCOKO SONCWADI**

***INDLAL' INAMANYALA* – M Lamati**

- Apha ngezantsi sisikhokelo sokuphendula esi sincoko, sisebenzise njengesikhokelo kuphela.
- Mazamkelwe iimpendulo ezahlukileyo nezichanekileyo ezibonisa ubungqina bokucinga nzulu nokutolika ngendlela eyahlukileyo.
- Uluhlu lwemizekelo lunokusetyenziswa ukuxhasa izimvo zabaviwa.
- Jonga kwirubrikhi ekwiphepha lama-25 ukuhlola lo mbuzo.

**Umfundi uya kuchankcatha kwezi ngongoma zilandelayo:**

**Ukhetho alwenzayo umntu ebomini lungeza neziphumo ezibi okanye ezimnandi. Ngqina olu luvo ngabalinganiswa uMamQhinebe noSiqhiwu.**

- UMamQhinebe unengxaki yokungabinamyeni eselula, uyasokola, ufundisa abantwana ooSiqhiwu ngethemba lokuba bakugqiba ukufunda baza kuphangela, baxhase ikhaya. Isiphumo sokukhetha ukukhulisa abantwana wakhe ngokubopha amaxonya ethwalela abantu iimpahla erenkini afundise unyana wakhe sibakukuphumelela kukaSiqhiwu unyana wakhe ibanga leshumi.
- Ubumnandi obuza nokuphumelela kukaSiqhiwu ibanga leshumi budala ithemba lokuphuma kwekhaya endlaleni. Obu bumnandi bulityhoba kwenye ingxaki ikhaya xa uSiqhiwu engawufumani umsebenzi iminyaka ide ibemithathu. UMamQhinebe ukhetha ukumcebisa uSiqhiwu ngokuba anyobe suka oko kubenesiphumo esiyingxaki yokungavisisani komntu nonyana wakhe.
- Ingxaki yekhaya kukungavumi kukaSiqhiwu ukunyoba luze ukhetho lukaSiqhiwu lududulele unina ekukhetheni ukuwela kwicebo likaDlezinye lokuba abe iintsana

  azithengise kuye noMagrazula ukuze aphume endlaleni, abe sesingowothiyo umlilo isityebi ade atshintshe nendawo yokuhlala ibeyiNorth Crest.
- Ukhetho alwenzayo uMamQhinebe lokutyeshela imithetho yenkonzo, abe iintsana

Downloaded from Stanmorephysics.com

engumama webhatyi lunesiphumo sokungena zwabha kumgibe wokubasisicaka sikaMagrazula, esenza umsebenzi onobungozi nonokumphuca isidima sokubangumama webhatyi kanti nokubangumama wekhaya.

- Ukhetho alwenzileyo uMamQhinebe lokuba iintsana lumnika impumelelo yethutyana kuba ulolwa yimali aseleyifumene eyomeleza ngakumbi intliziyo yakhe, aqhube kanti uzifaka kumgibe wokubanjwa ngamapolisa.
- Kwelinye icala uSiqhiwu uzikhethela, ayibethelele into yokuba akanakunyoba efundile, afunge ukuba uza kuqeshwa ngemfundo hayi ukunyoba.
- USiqhiwu ukhetha ukuwulwa umkhonyovu wokunyobisa aze abeke izabatha zokubhabhisa uMaqhikizane oyinkintsela yokunyobisa. Isiphumo siba kukuphumelela ngokuthi uMaqhikizane abanjwe agwetywe, aphulukane nomsebenzi, aze uSiqhiwu awufumane etshaya umsebenzi nabanye abaselungelweni lokuphangela ukunyobisa kungasekho. **[25]**

(Nayiphi na impendulo echanekileyo.)

**UMBUZO 17: UMBUZO OMFUTSHANE**

***INDLAL' INAMANYALA* – M Lamati**

17.1 Iimbono ngokuqeshwa kukaThembinkosi ziyiqala iyantlukwano ngokwenza abalinganiswa bahlulelane phakathi malunga nexabiso lokunyoba ukuze kufumaneke umsebenzi, abanye abafana noMamQhinebe bafune kuqhube kunyotywe baze abanye abafana noSiqhiwu bakulwe ukunyoba.√√ (2)

17.2 Aqulethe uluvo lokuba/isikhalazo sokuba kukho ukungalinganiswa/ ukungaphathwa ngendlela efanayo/ukwenzelwa kwabanye ngokukhethekileyo.√√ (2)

17.3 USiqhiwu noSiphokazi badlala indima yolutsha oluxhatshazwa ngenxa yendlala.√√/ yolutsha olulwa loyise ubuqhopholo bokunyobisa ngemisebenzi.√√/ yokuphelisa ucalucalulo kubekho umakulinganwe amahlwempu angajongelwa phantsi.√√ (2)

17.4 Luzobo mayana.√ Uzobo olumayana lwenzeka xa isimo somlinganiswa sihlunyiswa kwiintetho zakhe singachazwanga ngokungqalileyo.√ USiqhiwu ukuthetha kwakhe kumazwi akhe kumpela njengomntu okudidi lwabantu abalawulwa bubuthandazwe xa esilwela umba wokungalingani kwamahlwempu nezityebi.√ (3)

17.5 Amahlwempu anyathelwa ngokuthi mawanyobe akhuphe imali ukuze afumane umsebenzi wakwarhulumente isiphumo siba sesokuba ababinamali, batsho bahlale iminyaka bengenamsebenzi kuba bengenamali yakunyoba.√√/ Amahlwempu angabantu basetyhini enziwa aphule umthetho ngokuba iintsana aze aphelele ejele eshiya nezawo iintsana zingenamncedi babe abantu abebefumana iintsana besiya betyeba ngokutyeba.√√ (4)

17.6 Iinjongo zikaMamQhinebe zokuba iintsana yayikukuhlala kwindawo yezityebi eyiNorthCrest kodwa waphela ebanjelwa ukuba iintsana waya ejele endaweni yokuya eNorth Crest.√√
Nayiphi na impendulo echanekileyo.) (2)

Downloaded from Stanmorephysics.com

17.7 Kukho iintsana eziman'ukulahleka ngokubiwa nguMamQhinebe noMaGatyeni baze bazithengise kwixhwele, yiyo le nto athunakalayo kwakuthethwa ngazo kuba kulinyala ukubandakanyeka kwakhe ekubiweni kweentsana/uyakoyika ukuba abantwana bakhe bade babhaqe ukuba uyabandakanyeka kolu biwo.√√ (2)

17.8 Ngamagama axela intshukumo yabalinganiswa.√√/ Ngamagama axela nomntu ekuthethwa naye/ekubhekiswa kuye.√√/ Ngamagama axela icala aya ngakulo umlinganiswa.√√
(Nayiphi na kwezi.) (2)

17.9 Eneneni isigqibo sifanele ukuba sithathwa emva kokuhluza phakathi kokulungileyo nokungalunganga kodwa umlinganiswa onguMamQhinebe yena ubonakala engakunikanga thuba ukuhluza, esebenzisa kuphela umnqweno wakhe wokuya kuhlala eNorth Crest ngokuhamba ebetha abantu esiba iintsana.√√
(Nayiphi na impendulo echanekileyo.) (2)

17.10 Impixano yangaphakathi yenzeka xa umlinganiswa enezimvo ezikhabanayo kuye ngaphakathi/engqondweni yakhe nekufuneka ethathe isigqibo ngayo.√ Umzekelo okule ncwadi ngowaxa kubethabethana izimvo engqondweni kaMaGatyeni ngexesha ebekufuneka ethathe isigqibo sokuba iintsana kunye noMamQhinebe.√ (2)

17.11 Ngumyalezo wokuba uluntu malungazoyikiseli/malungoyiki/ malungakuthandabuzi ukuyilwela into olucinga ukuba idla umzi kuba kubonakele kwimpumelelo kaSiqhiwu kwidabi lakhe nomkhwa kaMaqhikizane ukuba ukuyilwela kuyahlawula.√√
(Nayiphi na impendulo echanekileyo.) (2)
**[25]**

**AMANQAKU ECANDELO C: 25**
**AMANQAKU EWONKE: 80**

Downloaded from Stanmorephysics.com


## ISIHLOMELO A: IRUBRIKI YOKUMAKISHA ISINCOKO SESIHOBE

## ICANDELO A: Irubriki yesincoko soncwadi: ISIHOBE [10 AMANQAKU]

| **Imiqathango** | **Egqwesileyo** | **Esemagqabini neqaqambileyo** | **Eyanelisayo nefanelekileyo** | **Eyinxalenye** | **Engaphumelelanga** |
|---|---|---|---|---|---|
| **UMXHOLO**<br><br>Ukuhlalutywa kwesihloko, ubunzulu bengxoxo, indlela azakuzela ngayo ingxoxo, ukuwulandela kakuhle umhobe<br><br>**6 AMANQAKU** | **5-6** | **4** | **3** | **2** | **0–1** |
| | -Isihloko sitolikwe ngokunzulu<br>-Iingxoxo ezinomtsalane ezixhaswe ngokuvokothekileyo kusetyenziswa isihobe<br>-Impendulo ibonisa ulwazi olugqwesileyo lwesihobe | -Ubonisa ukuqonda nokutolika kakuhle isihloko okanye umbuzo<br>-Impendulo inazo iinkcukacha ezanelisayo<br>-Izimvo ezibambekayo zinikiwe nangona ingezizo zonke nje ezixhaswe njengoko kufanelekile<br>-Impendulo ibonisa ulwazi lwesihobe | -Isihloko sitolikwe ngokwanelisayo<br>-Akho amanqaku axhasa isihloko kakuhle<br>-Ezinye iingxoxo zixhasiwe nangona ingezizo zonke ezixhaswe ngokwanelisayo.<br>-Impendulo ibonisa ulwazi olusisiseko lwesihobe | -Ayanelisi indlela ekutolikwe ngayo isihloko/umbuzo<br>-Anqongophele kakhulu amanqaku okuxhasa isihloko<br>-Impendulo ibonisa ukuqhwalela kulwazi lwesihobe | -Akanalwazi kwaphela ngesihloko<br>-Impendulo ayikho mxholweni wesihobe<br>-Impendulo ibonisa ukulambatha kulwazi lwesihobe |
| **ISAKHIWO NOLWIMI**<br><br>**4 AMANQAKU** | **4** | **3** | **2** | **1** | **0–1** |
| | -Isakhiwo siyathungelana<br>-Ingxoxo ixongxwe kuhle kwaye zikhuliswe ngokugqwesileyo nangokucacileyo<br>-Ulwimi, ithoni nesimbo sokubhala zivuthiwe, zinomtsalane, zichanekile<br>-Igrama upelo neziphumlisi azinaziphene kwaphela | -Isakhiwo sicacile kwaye ingxoxo iyathungelana kakuhle<br>-Ukuthungelana kwengxoxo kuyalandeleka<br>-Ulwimi, ithoni nesimbo sokubhala zichanekile ubukhulu becala | -Bukho ubungqina besakhiwo<br>-Isincoko sibonakalisa ukusilela kukuthungelana nokunamathelana kwezimvo<br>-Iziphene zolwimi zimbalwa, ithoni nesimbo sokubhala zichanekile ikakhulu | -Isakhiwo sibonakalisa iziphene zoyilo<br>-Ingxoxo ayicwangciswanga ngokukuko<br>-Bukho ubungqina beziphene zolwimi<br>-Ithoni nesimbo sokubhala azichanekanga | -Isakhiwo sife amanqe<br>-Iziphene zolwimi ezingamkelekanga konke konke nesimbo esingachanekanga |

**QAPHELA: Ukuba umviwa uwutyeshele ngokupheleleyo umxholo, suka wabhala isincoko esiya sephepha lesithathu, mnike u-0 kumxholo nakwisakhiwo nolwimi.**

Downloaded from Stanmorephysics.com

**ISIHLOMELO B: AMACANDELO B NO C: IRUBRIKI YOKUHLOLA ISINCOKO SONCWADI- INOVELI NEDRAMA [25 AMANQAKU]**

| Imiqathango | Egqwesileyo | Esemagqabini neqaqambileyo | Eyanelisayo nefanelekileyo | Eyinxalenye | Engaphumelelanga |
|---|---|---|---|---|---|
| **UMXHOLO** | **13-15** | **10-12** | **7-9** | **4-6** | **0-3** |
| **15 AMANQAKU** | -Impendulo igqwesile 14-15<br>-Impendulo ebalaseleyo 12-13<br>-Ukutolikwa okunzulu kwesihloko<br>-Iingxoxo ezinomtsalane ezixhaswe ngokuvokothekileyo kusetyenziswa uncwadi<br>-Ukuqonda okubalaseleyo kwejenre netekisi | -Ubonisa ukuqonda nokutolika kakuhle isihloko okanye umbuzo<br>-Impendulo inazo iinkcukacha ezanelisayo Izimvo ezibambekayo zinikiwe nangona ingezizo zonke nje ezixhaswe njengoko kufanelekile<br>-Impendulo ibonisa ulwazi lwejenre netekisi | -Impendulo iphakathi, asiyiyo yonke imiba ekungenwe kuyo nzulu<br>-Akho amanqaku asixhasa ngokufanelekileyo isihloko<br>-Ezinye izimvo zixhasiwe kodwa ubungqina abusoloko busamkeleka<br>-Ulwazi lwejenre/netekisi alugqibelelanga. | -Buncinane ubungqina obubonakalisa ukusazi isihloko yaye kunqabile ukungena nzulu kwimiba ekubhalwa ngayo<br>-Ambalwa amanqaku axhasa isihloko<br>-Iimpendulo ezichanekileyo zimbalwa kakhulu<br>-Luncinane ulwazi ngejenre netekisi. | -Buncinci kakhulu ubungqina obububo ukuqonda isihloko<br>-Iimpendulo zisilele kakhulu ukuphendula umbuzo<br>-Izimvo zibekwe ngendlela engacacanga konke-konke<br>-Alukho kwaphela ulwazi lwejenre netekisi. |
| **ISAKHIWO NOLWIMI** | **9-10** | **7-8** | **5-6** | **3-4** | **0-2** |
| **10 AMANQAKU** | -Isakhiwo siyathungelana<br>-Intshayelelo nesiphelo esigqwesileyo<br>-Ingxoxo yakheke ngokufanelekileyo yaze yakhuliswa ngokucacileyo<br>-Ulwimi, ithoni nesimbo sokubhala sivuthiwe, sinomtsalane, sichanekile | -Isakhiwo sicacile kwaye ingxoxo iyathungelana kakuhle<br>-Intshayelelo nesiphelo kunye nemihlathi zicwangciswe ngendlela edala uthungelwano<br>-Izimvo zithungelana ngokuchanekileyo<br>-Ulwimi, ithoni nesimbo sokubhala sisetyenziswe Ngokuchanekileyo ikakhulu | -Bukho ubungqina besakhiwo obungagqibelelanga<br>-Unamathelelwano nothungelelwano lwezimvo lukho, kodwa kukho iziphene<br>-Zikho iziphene zolwimi ezithile, ithoni, nesimbo sokubhala sichanekile ikakhulu<br>-Imihlathi ichanekile ikakhulu | -Isakhiwo sibonakalisa iziphene zoyilo<br>-Izimvo azithungelelani kakuhle<br>-Iziphene zolwimi ziyabonakala<br>-Ithoni nesimbo sokubhala asichanekanga<br>-Imihlathi ineziphene | -Ukungabikho koyiloo kwenza ukuba kungabikho thungelelwano lwezimvo<br>-Iimposiso zolwimi nesimbo sokubhala esife amanqe kwenza ukungavakali kokubhaliweyo<br>-Ayichanekanga ithoni nesimbo sokubhala<br>-Ulwakhiwo lwemihlathi ludlakadlaka |

- **Makungabikho kwahluka kudlula kwisibini samabakala phakathi kwamanqaku wesakhiwo nolwimi kunye nawomxholo.**
- **Ukuba umviwa ubhale isincoko sephepha lesithathu mnike u-0 kumxholo no-0 kulwimi nesakhiwo.**



X.N. PP NWS